

CAPS

maskew miller
learning 



IBANGA

2

INCWADI
KATITSHALA

Platinum

Izakhono zoBomi

T. Barnard • C. De Vries • S. Adams • L. Shaw • C. Gleeson-Baird

Platinum Izakhono Zobomi Ibanga 2 Incwadi Katitshala

Maskew Miller Learning
10 Freedom Way, Milnerton, Cape Town, 7441

© Maskew Miller Learning (Pty) Ltd 2025

Onke amalungelo agciniwe. Akukho ngxenye yale ncwadi inokuthi iphinde yenziwe ngokutsha, iigcinwe koomatshini okanye isasazwe nangaluphi na uhlobo, okanye nangayiphi na indlela, eyombane, eyomatshini, eyokufota ikopi, eyokurekhoda, ngaphandle kwemvume ebhaliweyo efumaneke kwangaphambili yalowo unelungelo layo nongumniniyo.

Ukuba ufuna imvume yokwenza ngokutsha nayiphi na ingxenye yale ncwadi, xhumana neSebe lamaLungelo neMvume kule nombolo 021 532 6000 okanye ungathumela i-imeyile kwi: rightsgranting@mml.co.za. Ukuxela ukophulwa kwamalungelo, nceda uthumele i-imeyile ku: copyright@mml.co.za.

Ishicilelwe ngowama- 20XX

Print ISBN 978-1-779-83511-6
ePDF ISBN 978-1-834-99079-8

Umpapashi ngu Anusia Naicker-David
Umhleli olawulayo ngu Ru Bailey
Yahlelwa ngu Yomelelani Nombula
Umphandle wencwadi uyilwe yi MML Visual Design
iNcwadi iyilwe yi MML Visual Design
Imifanekiso ngu Chamique Johnson, MML Visual Design
uMdibanisi wonobumba abaza kushicilelwa ngu JSquare Studios
Ishicilelwe ngu

Imibulelo

Umbhali (ababhali) kunye nomshicileli babulela aba balandelayo ngokusetyenziswa Kwemifanekiso:
p116, MPH Photos / Shutterstock;

Iziqulatho

Intshayelelo Iinjongo zalomqulu

Ukufundisa izakhono zobomi kwibanga lesi-2

Ikota 1

Isihloko soku-1: Izinto esizidingayo ukuze siphile 1

| | |
|------------------------------|---|
| Masiqale | 1 |
| Makhe sijonge | 7 |
| Iphepha lomsebenzi | 8 |

Isihloko soku-2: Mna nabanye 10

| | |
|------------------------------|----|
| Masiqale | 11 |
| Makhe sijonge | 22 |
| Iphepha lomsebenzi | 24 |

Isihloko sesi-3: Wonke umntu ukhethekile 26

| | |
|------------------------------|----|
| Masiqale | 27 |
| Makhe sijonge | 38 |
| Iphepha lomsebenzi | 40 |

Isihloko sesi-4: Ukuhlala useMpilweni 42

| | |
|---|----|
| Masiqale | 43 |
| Makhe sijonge | 50 |
| Iphepha lomsebenzi | 52 |
| Uhlolo Olusesikweni Lwekota yoku-1 | 54 |
| Imemorandum: Uhlolo Olusesikweni: lweKota yoku-1 | 56 |

Ikota 2

Isihloko sesi-5: Amaxesha onyaka 58

| | |
|------------------------------|----|
| Masiqale | 59 |
| Makhe sijonge | 68 |
| Iphepha lomsebenzi | 70 |

Umxholo sesi-6: Izilwanyana 72

| | |
|------------------------------|----|
| Masiqale | 73 |
| Makhe sijonge | 85 |
| Iphepha lomsebenzi | 86 |

Isihloko sesi-7: Izinto eziphilayo ezihlala emanzini 88

| | |
|------------------------------|-----|
| Masiqale | 89 |
| Makhe sijonge | 97 |
| Iphepha lomsebenzi | 100 |

Isihloko sesi-8: Amakhaya eZilwanyana 101

| | |
|---|-----|
| Masiqale | 102 |
| Makhe sijonge | 113 |
| Iphepha lomsebenzi | 114 |
| Uhlolo olusesikweni lwekota yesibini | 116 |
| Imemorandum Uhlolo olusesikweni lwekota yesibini | 118 |

Ikota 3

Isihloko se-9: Umhlaba 119

| | |
|------------------------------|-----|
| Masiqale | 120 |
| Makhe sijonge | 127 |
| Iphepha lomsebenzi | 128 |

Isihloko se-10: Ezothutho 131

| | |
|------------------------------|-----|
| Masiqale | 132 |
| Makhe sijonge | 141 |
| Iphepha lomsebenzi | 142 |

Isihloko se-11: Ukhuseleko eziNdleleni 145

| | |
|------------------------------|-----|
| Masiqale | 146 |
| Makhe sijonge | 157 |
| Iphepha lomsebenzi | 158 |

Isihloko se-12: Abantu abasancedayo 161

| | |
|---|-----|
| Masiqale | 162 |
| Makhe sijonge | 169 |
| Iphepha lomsebenzi | 171 |
| Uhlolo olusesikweni lwekota yesi-3 | 172 |
| Imemorandum Uhlolo olusesikweni lwekota yesi-3 | 174 |

Ikota 4

Isihloko se-13: Ilizwe lethu 176

| | |
|------------------------------|-----|
| Masiqale | 177 |
| Makhe sijonge | 181 |
| Iphepha lomsebenzi | 182 |

Isihloko se-14: Iindlela ezahlukahlukeneyo zokunxibelelana 184

| | |
|------------------------------|-----|
| Masiqale | 185 |
| Makhe sijonge | 199 |
| Iphepha lomsebenzi | 200 |

Isihloko se-15: Imini nobusuku 202

| | |
|---|-----|
| Masiqale | 203 |
| Makhe sijonge | 214 |
| Iphepha lomsebenzi | 216 |
| Uhlolo olusesikweni lwekota yesi-4 | 218 |
| Imemorandum Uhlolo olusesikweni lwekota yesi-4 | 220 |

Molo Titshala

Xa ungena kwigumbi lakho lokufundisa, awungeni nje kwindawo enedesika neencwadi.

Ungena kwindawo apho kukho uxanduva lokwakha, ubomi, ubumbhe umntu, kuphuhle izakhono neentalente. Njengotitshala unamandla okukhokela uphuhlise iitalente ezibonakalayo nezifihlakeleyo ukuze kufumaneke iinkokheli zangomso, ezinezakhono, kubekho utshintsho eluntwini.

Ngothando nenkathalo oyenzayo ubonakalisa uthando kumsebenzi wakho. Utyala imbewu gothando noxolo, ukhuthaza ukhathalelwano, ukwabelana nokuhloniphana.

Konke oko kuyakubafundisa ubuntu abantwana.

Siyaqonda ukuba lento ayizokuba lula, ingakumbi xa kufikwa kwiindawo ezifuna kusetyenziswe izixhobo ezinqabileyo. Ukufundisa kukodwa kulucelomngceni kodwa phantsi kwezomeko wenza umahluko ebomini. Uyabakhuthaza abantwana ukuba bazi ukuba ubomi babo buqaqambile, kwaye buxabisekile, bujongiwe ukuze buphumelele, buqaqambe kungekho nto ibanqandayo.

Siza nezixhobo zokufunda ezakhiwe phantsi kwenqubo kaCAPS. Injongo ikukugxila ekudibaniseni nasekuphuhliseni isakhono sokuba umntwana afumane ithuba lokuzibonela, akwazi ukwenza isigqibo ngokwakhe enganyanzelwanga, kungacalulwa wonke umntwana ejongekile.

Imifanekiso, amabali, izifundo ziveza ulwabelano lwethu lokuhlala. Yonke loo nto yenza ukuba wonke umntu azive amkelekile kwigumbi lokufundela.

Nanjengokuba singalibalanga ngawe, inkathalo nokhuthazo kubafundi lubalulekile.

Sifake izixhobo ezizakugcina unomdla, uphilile kwaye unolangazelelo, oko kuza kukhuthaza nabafundi. Akupheleli ekufundiseni, ubonakalisa uthando nentsebenziswano into eyenza ukuba nabo basebenze ngenyameko.

UMzantsi Afrika usebenzisa Lomthetho Wesebe Lezemfundo owongeziweyo (BELA) oshicilelwe ngo2024, enjongo ikukwandisa nokuqinisa nokwamkela ngaphandle kokuba nomkhethe.

Inxaxheba yakho kulenjongo ibalulekile kakhulu. Ulwazi lwakho kuzo zombini uCAPS noBELA luyakuba luncedo kubafundi, baze bayilangazelele impumelelo bexhobile.


Nguwe umlamli onamandla onokukhuthaza utshintsho olunika umdla, abafundi baya kukhula ngokubukela kuwe. Awufundisi nje kuphela, wakha nobomi babo, ukuze kube lulutho ehlabathini, eSizweni naseLizweni lonke jikelele.

Siyabulele ngayo yonke inxaxheba nemigudu oyenzayo kumcibi wezemfundo!

Indlela yokusetyenziswa kwalomqulu

Wamkeleki Kwizakhono Zobomi kwiBanga lokuqala. LoMqulu uneNcwadi yomfundi Nencwadi ka Titshala ukukhuthaza nokuphuhlisa ukufundiswa kweZakhono Zobomi kwiBanga lokuqala. Izakhono Zobomi zibhalwe ngokulandela umgaqo kaCAPS. Xa usebenzisa loMqulu kuyakunyanzeleka uqiniseke ukuba ufikelela kuwo wonke umsebenzi ochongiweyo.

Izakhono Zobomi zakhiwe zenzelwa ukuba zihambelane nenqubo kaCAPS ngoluhlobo:



Uyisebenzisa njani incwadi kaTitshala nencwadi Yomfundi

Kwisigaba ngasinye ukhokelwa ngumbala okuncedayo owalatha isigaba.

Umxholo ngamnye nawo unombala, okuncedayo ekubeni ubone ukuba sesiphi isakhono ofikelela kuso kolosuku okanye kuloo veki. Ukuqala kwesifundo ngasinye siphuhlisa iimfundo, ukucinga ngengqiqo, kunye neSKAVS (ulwazi olubanzi ukuziphatha nentlonipho), ukuqala kolwazi:

Uhlobo nezixhobo ezikhethiweyo

| | |
|---|--|
| Isifundo | |
| Iziphumo | |
| Ukucinga okunzulu | |
| SKAVS (Ulwazi olobanzi, ukuziphatha nentlonipho) | |
| Ukuqala kolwazi | |
| Ukuhlola | |
| Izibonelelo | |

Isifundo ngasinye sizakucaciswa ngoluhlobo

Indlela yokufundisa okanye ubuchule, buhambhelana:

- Iingcebiso ngokudibanisa, nokwamkelana ngokobuhlanga.
- Ukuphawula kokukhula kolwazi ngokubonisa ukwamkelana ngobuhlanga.
- Indlela yokucacisa ukuba bangancedwa njani abafundi abahlukeneyo ngokucinga
- Lingenziwa njani igumbi elikhuthaza ukufunda nokudlala
- Masiqale ukuvula isifundo
- Umkhombhandlela wemisebenzi
- Umkhombhandlela wemisebenzi uzenzela
- Uhlolo lwemisebenzi egunyazisiweyo
- Imisebenzi ekopiweyo.

Isiseko somsebenzi nolawulo lwendlela yokuhlola (CAPS)

- Lendlela esisiseko nguMqulu onika umkhombandlela kwindlela yokusebenza, inika uMxholo nendlela emakuhlolwe ngayo kuzo zonke izifundo zikaZwelonke, ukusuka kwabaqalayo ukuya kwiBanga lokugqibela.
- Izakhono zobomi ezihlalutyiweyo Zokufundisa (RATP) 2023/24 zinika umkhombandlela nesikhokelo sokuqulunqa, uMxholo nendlela yokuhlola kumaBanga Aphantsi (R-3)

Izakhono Zobomi R-ATP ixhasa oku kulandelayo.

| | |
|------------------------------|-------------------------------|
| ✓ Ukucinga nzulu | ✓ Ukusombulula ingxaki |
| ✓ Ukuthatha isigqibo | ✓ Uxanduva |
| ✓ Ukuzazi | ✓ Ukuzilawula/ ukuziphatha |
| ✓ Ukuzixabisa | ✓ Ukuzazi ngobuhlanga |
| ✓ Ukuzilawula ngokweemeko | ✓ Ukuziphatha ngendlela |
| ✓ Ukwamkelana | ✓ Ubume |
| ✓ Imbheko | ✓ Inkathalo |
| ✓ Inggondo yokwamkela | ✓ Ukunyamezela |

UKwabiwa kweXesha

Ixesha elabelwe ukufundisa kwisiGaba esisisiSeko limi ngolu hlobo:

| ISIFUNDO | IBANGA R (IYURE) | IBANGA 1-2 (IYURE) | IBANGA 3 (IYURE) |
|---------------------------------------|---------------------|-----------------------|---------------------|
| ULwimi lwaseKhaya | 10 | 7/8 | 7/8 |
| ULwimi lokuQala oloNgezelelweyo | | 2/3 | 3/4 |
| IMathematika | 7 | 7 | 7 |
| IzaKhono zoBomi ULwazi olusisiSeko | 5 (1) | 5 (1) | 5 (1,5) |
| EzobuGcisa | (1,5) | (1,5) | (1,5) |
| EzemiThambo | (1,5) | (1,5) | (1) |
| UkuziPhatha neNtlalo | (1) | (1) | (1) |
| Imibhalo efihliweyo neeRobhothiksi | (1) | (1) | (2) |
| ZIZONKE | 23 | 23 | 25 |

Ukwabiwa kwexesha kwinkalo yokufunda kwizaKhono zoBomi kwisiGaba esisisiSeko

| IBANGA R-2 | | UKWABIWA KWEXESHA NGOKWEKOTA | IBANGA 3 | | UKWABIWA KWEXESHA NGOKWEKOTA |
|---|---------------------------|------------------------------------|---|---------------------------|------------------------------------|
| ULwazi olusisiSeko nokuziPhatha neNtlalo | Iiyure ezi-2 ngeveki | Amashumi angama-50 eeyure | ULwazi olusisiSeko nokuziPhatha neNtlalo | Iiyure ezi-2,5 ngeveki | Amashumi |
| EzobuGcisa | Iiyure ezi-1,5 ngeveki | | EzobuGcisa | Iiyure ezi-1,5 ngeveki | angama-50 |
| Ezemithambo | Iiyure ezi-1,5 ngeveki | | Ezemithambo | Iiyure ezi-1 ngeveki | eeyure |

Amaxesha agunyaziweyo kwiBanga R, eloku-1 nelesi-2, ziyure ezingama23.
Ize iBanga lesi-3ibeziyureezingama25.

Isikhokelo socwangciso lomsebenzi

| |
|---|
| Umhla: |
| Ibanga: |
| Isifundo: Isakhono Sobomi |
| Umxholo: |
| Isifundo esikhethiweyo |
| Ulwazi lwangaphambili: |
| Iphepha kuCAPS: |
| Inani labantwana egumbini |
| Injongo emva kwesifundo: |
| Emva kwesifundo abantwana kufuneka bazuze oku: Ulwazi: Izakhono: Imbheko nokuthobeka: |
| Uhlolo: |

Izigaba zesifundo: (umongo womxholo, imisebenzi, indlela yokufundisa)

Isiqalo:

Ukukhula:

Unxulumaniso:

Ukwamkelana ngokobuhlanga ungacalulanga

Kwesi siqendu, cinga ngegumbi lakho lokufundisela. Yiba nomfanekiso ngqondweni wabafundi behleli phambi kwakho bonke, umntu ngamnye enebali lakhe, ulwazi, noce lomngeni olwahlukeneyo. Cinga ngomfundi obulalekayo kukulandela isifundo, okanye nantoni na yangaphandle eyenza ukuba aphazamiseke ekulandeleni izifundo. Wenza ntoni ngaloo mzuzu? Yeyiphi imizamo oyennzileyo? Benze babone ukuba uyayibona ingxaki, ubancedise kuyo.

Igumbi lakho lokufundisa linabafundi abaneemeko ezingafaniyo nezidingo ezahlukeneyo.

Ilizwe lethu linengxaki yokungalingani ngokobuhlanga, indlela yokuphila nemali. Yonke lemeko iyacaca kwigumbi lokufundela, kulapho icaca kakhulu. Wena njengoTitshala unoxanduva lokwenza unako nako ukuze ubone bonke abafundi befumane ithuba lokuphumelela. Nokuba zikhona iziphazamiso okwakho kukubaxhasa baphumelele.

Esi siseko uCAPS sithatha imeko yokungalingani nokwamkelana njengoxanduva. Iyakhuthaza into yokuba kungajongwa ukufundisa kodwa, makuqatshelwe umfundi ngamnye ngokwemeko akuyo ukuze baphumelele.

Siyabazi ubinzima abadibana nabo ooTitshala kodwa sekunjalo ngabo abatshotsha phambili ukuze bajongane nayo ngqo.

Yiyo loo nto izixhobo zokufunda nokufundisa zincedisana nawe. Ezi zixhobo zibonisa iimfuno ezivela kumsebenzi owenziwayo ngabafundi, iingxaki abadibana nazo, yiloo nto kufuneka uxhaswe ukuze kubekho impumelelo. Kuqaqambe nekamva labo bakwazi ukuba lulutho ekuhlaleni nakwilizwe ngobubanzi.

KuloMqulu sijonga indidi ezili10 ngokwahlukana. Zonke zikhethwe ukuze zisebenze banzi kwaye zibe lulutho nakubani na, zivala izikhewu zobunjani, ubuhlungu nemeko ezingaginyisi mathe.

KuloMqulu sijonga indidi ezili10 ngokwahlukana. Zonke zikhethwe ukuze zisebenze banzi kwaye zibe lulutho nakubani na, zivala izikhewu zobunjani, ubuhlungu nemeko ezingaginyisi mathe.


Iindidi zokwamkelana

| Ihlelo lokwamkela | Inkcazelo | Isalathiso |
|---|--|---|
| 1. Ukwamkelana Ngokobuhlanga Ungacalulanga Mveli. | Imele indidi zobuhlanga imvelaphi ezahlukeneyo Uqinisekisa Uqinisekisa Abafundi Bayayazi Imveli Nezithethe. | Sifake abadlali, ababhali, nodidi lwemveli ezivela kwiintlanga ezahlukeneyo. Lamabali nalemizekelo iquka ukwahluka koluntu ngokweMveli namaSiko. |
| 2. Ukwamkelana Ngokwesini | Ububanzi besini bumela zonke iindidi, kwaye budibanisa iingxoxo ngemisebenzi yesini. | kumxholo kukho zonke intlobo zesini Ngokulinganayo. |
| 3. Ukwamkelana ngeelwimi | ukwamkelana ngolwimi kubonisa ukunyamezelana Koluntu oluthetha iilwimi ezingafaniyo. | kubakho umxholo oveza iindidi ezahlukeneyo. Okwakho kukukhuthaza intlonipho. Sifake nemizekelo yokugugqula nokutolika kwe- |
| 4. Ukwamkelana ngeelwimi | ukwamkelana ngolwimi kubonisa ukunyamezelana Koluntu oluthetha iilwimi ezingafaniyo. | kubakho umxholo oveza iindidi ezahlukeneyo. Okwakho kukukhuthaza intlonipho. Sifake nemizekelo yoku-Guqulwa no- Kutolika kwe Ntetho. |
| 5. Ukukhubazeka | Apha kuthethwa ngabantu abakhubazeke ngeendlela ezahlukahlukeneyo nokungafumani kwabo amathuba ngenxa yemeko abakuyo. | Abantu abakhubazekileyo babandakanyiwe kulungiselelwa ukuba babe yinxalenye kumabali nemisebenzi. Sixolile ngendlela yokufumaneka kweenkonzo kubo. |
| 6. Ukuthetha nge Simo Socantsi nokwamkelana kwimeko Yaso. LGBTQ+ | LGBTQ+ oku kumela ukudibana kwazo zonke intlobo zesini ukuya kutsho kuzo zonke iimeko zokuthandana ezibizwa ngamagama ahlukeneyo, afana namaafana sini | LGBTQ+ zonke Ezimilo zikhanka Nyiweyo encwadini Ziveza ukubaluleka Nokwamkelana Ngokwe simo. Sifake imizekelo neziganeko eziveza ama- lungelo omntu ngamnye, lonto ba abafundi bahloniphana kwimeko yesini. |

| Ihlelo lokwamkela | Inkcazelo | Isalathiso |
|--|---|--|
| 7. Inkonzo nenkolo ekwabelanweni ngesini Ukusetyenziswa ko Mqulu Intlonipho Ngobudala | Apha kuphawulwa ngeendlela ezahlukeneyo kwinkolo yobuKristu nokwamkela kuze kuhlonitshwe indlela ekuqhutywa ngayo. Ukwamkelana ngobudala kuquka abadala nabancinci. Kuxoxwa ngezinto ezibaphazamisayo ngokweminyaka yabo. | Incwadi yethu ikwathetha ngeenkolo ezahlukeneyo. Sikhuthaza nencoko ukunceda abafundi baqonde iindlela ezahlukeneyo zenkolo nokuze bazihloniphe. Sizothetha ngezenkolo ezahlukeneyo ukuze siqinisekise ukuba wonke umntu uyahlonitshwa. |
| 8. Ukungalingani ngeminyaka | Ukwahlukana ngokweminyaka kuquka abantu abaneminyaka engalinganiyo bencokola ngeengxaki ezinento yokwenza nokukhula. | Kulencwadi abafundi bazakudibana nezinto ezahlukeneyo ezingeenkonzo neenkolo ezahlukeneyo. Sikhuthaza nokuba bancokole ngazo ukuze baqonde baze bazihloniphe iinkolelo zabanye. Kuzakuthethwa ngeenkolo ezahlukeneyo nokuze siqinisekise ukuba zonke iinkolo ziyahlonitshwa ibe kuthethwa kakuhle ngazo. |
| 9. Ukwahluka ngokokuhlala | apha kucaciswa nge- ndlela esifunda ngazo, bambi ba-Landela msinya Abanye bathatha Kade, kufuneka Kuphinda phindwe Ngenxa yemeko. | Kulencwadi kuzakuthethwa ngeendawo ezahlukeneyo emhabeni wonke, siqwalasele kokubini izinto zasekuhlaleni nasemhlabeni wonke jikelele. Izinto abafundi abanokufunda kuzo. Sizakuthetha nangezinto zazemaphandleni nakwiindawo ezisedolophini, sibonisa iingxaki ezahlukeneyo nezinto esinokuzifunda kwimeko nganye |
| 10. Ukwamkelana Ngendlela yokucinga neyokufunda | Apha kucaciswa ngeendlela esifunda ngazo, bambi balandela msinya, abanye bathatha kade kuze kufuneka kuphindaphindwe ngenxa yemeko. | Sihlalutya indlela yokucinga nokufunda ngokuveza ukuba iindlela zokufunda azivumelani zonke. Umsebenzi wenziwe walungela abantu abahlukeneyo ngokweemeko zabo. Sinayo nemizekelo onokuyijonga. |

Ukwamkelana kwigumbi lokufundela

NjengoTitshala okwakho kukuqinisekisa ukuba igumbi lakho lokufundisela yindawo yoxolo, konwatyiwe, kumnandi kuyahlekwa kuyahlonitshwana. Nazi izinto ezili10 onokuzenza ukwenza kubekho ukhuseleko kubemnandi.:



Umzamo 1-5 : ukwakha umoya wolangazelelo kubanjiswene kwigumbi lokufundela

Yamkela ukungafani kwabafundi

Kubalulekile ukuba ukungafani kwabafundi kubonakale kuvele xa beseklasini. Le nto ithetha ukubonisa ukwahlukana kwabo emzimbeni, ulwimi abaluthethayo, izithethe, inkolo, isini nendlela abakhetha ukuchaza ngayo kwesinin (kuquka LGBTQ+) iminyaka nezakhono. Incwadi yethu iquka abantu beendawo ngeendawo nokuphuhlisa iimeko zokuphila. Sikhetha ngenyameko imizobo, imifanekiso, nomxholo ophuhlisa iimeko zokuhlala nenyani ngelizwe lethu uMzantsi Afrika namanye amazwe. Siyakukhuthaza nawe wenze njalo kubafundi. Amabali wakho mawabonise aze azobe umfanekiso ngqondweni phakathi kwelali nedolophu, ncokola nangabantu bakhona nokwahluka kwabo. Kwakhona khuthaza indlela yokufundaubandakanya iLGBTQ+. Ncokola ngeminyaka, inkolo nangesini udibanise nezozoqosho ezenza ukuba bachaphazelek nabo. Veza umahluko ngathi kumazwe angaphandle ukuze bazibone bexabisekile kwaye beyinxalenye yolontu ngokupheleleyo.

Phepha ukuba nomkhethe nokuthatha icala

UMs Adams wayefundisa isifundo samasiko nezithethe. Abafundi bakhe babesuka kumakhaya angafaniyo, eyivuyela loo nto. Ekuqaleni ucela umfundi ukuba axele inkolo okanye isithethe sakowabo. ULebo intombi ezithembileyo iphakame kuqala icacisa ngendlela abalonwabela ngalo usuku lwe Krisimesi njengamaKristu. Kuphinde kwaphakama uAmina ethandabuza, bona kokwabo bangama Islam, ucacise indlela bona abayonwabela ngayo iEid. Ngoko nangoko bayasebezelana, omnye kubo ngempazamo wakhwaza, “Asiyo holide yokwenene”, uMs Adams kwangoku uqaphele ukuba ukhona umoya ophazamisayo. Uthathe isigqibo esikhawulezileyo, wayimisa ingxoxo. Wacela abafundi ukuba baphefumlo kulo mba. “Kuthetha ukuthini ukungahloniphi inkolo nesiko lomntu? Ungava kanjani xa kusithiwa kuwe eyakho inkolo nosuku oluvuyelayo aluyonyani? Kwathi cwaka egumbini, abafundi becinga ngentetho zabo. Ucacise ngokubaluleka kwentlonipho, nomahluko ngenkolo esebenzisa umzekelo kaAmina njengesindo kodwa engabangxolisi. Eqhuba incoko ngokubaluleka nokuhlonipha zonke iindidi zenkolo zabanye abantu nokuba wena awuzazi. Abafundi babona ukuba ukungabi namkhethe babenecala kubalulekile, kwaye yintlonipho.

Izifundo zikaMs Adams nabafundi.

Umkhethe nokucingelana –

Nokuba ubungazimiselanga ukuvisa abanye ubuhlungu. Ngelinye ixesha abafundi basenokuthetha bengacinganga. Kubalulekile ukuzilungisa ezomeko ngobubele, ubafundise ukuhloniphana.

Wonke umntu ubalulekile –

uMs Adams ugxile kumcimbi kaAmina wokuba amava wakhe amele ahlonipheke kumntu wonke, ebandakanya wonke umntu kwingxoxo ebonisa ukuba imvelaphi zabantu azifani ibe zimele zihlonitshwe.

Khuthaza ukuzihlola –

Endaweni yokubangxolisa, uMs Adams ucele abafundi ukuba bacinge ukuba bebeza kuvakalelwa njani ukuba bebenguAmina. Lento ibancedile aabafundi ukuze babone ukubaluleka kokuba nenceba baziqonde nezinto abazenzayo.

Kuthaza ukuncokola –

Xa umkhethe okanye ukudelela kukhona kufuneka kusombululwe kwangoko. Bavumele bancokole ukuze bafunde ukuba amanye amagama nezinto abazithethayo zisenokubenzakalisa abanye. Baxhobise ukuze bakwazi ukulwa naloo mkhwa mbi kwixesha elizayo.

Ukufunda kwiimpazamo –

Ukuphazamiseka kungabasisifundo. UMs Adams usebenzise elixesha nangona kunzima ukuba bazihlola bajonge indlela ababacingela kakubi ngayo abanye abantu. Ubabonise nokuba isikolo ayondawo yokufunda nje qha kodwa nokuze sbakhule.

Kutheni kufuneka sibahlole abantwana?

Sibahlola ukuze:

- sijonge izinto abasele bezazi nokwakhela phezu kolo lwazi
- sigcine ingxelo ngomfundi. Ukwazi ukubona indlela akhula ngayo, ungajongi umsebezi weveki okanye wosuku kuphela
- sijonge ukuba umfundi uqhuba njani na, ingaba lukhona uncedo aludingayo ekhaya
- sijonge iziphazamiso size sizame ukuzisombulula
- sakhe umfanekiso ngqondweni, sijonge amandla, imingeni, nezinto anomdla kuzo.

Ukuhlola kudibanisa iindlela zokubona nokulandela umsebenzi wabafundi. Uhlolo olukhawulezileyo luveza ukuba balandela njani. Kumabanga asezantsi lwenziwa lonke ixesha, ukuze ubone kwangoko xa kukho uncedo olufunekayo.

Iminwe phezulu na phantsi

Yisebenzise emva kwesifundo, ukujonga ukuba bayalandela na.

Ukulandela umxholo

Abafundi benza uludwe, babonise abakwaziyo, bongeze ulwazi olutsha nje ngokuba kuqhutywa.

Itikiti lokuphuma

Abafundi bazoba okanye babhale ngento abayifundileyo.

Ukusebenza ngababini sabelane

Umfundi namnye uza nento ayicingileyo ancokole ngayo nogxa wakhe. Emva koko mabancokolele iklasi ukuze babone ukuba bayalandela na.

Ingxelo nomhlobo

Abafundi banika ingxelo eklasini, bejonga indlela abaqhube ngayo kumsebenzi wabo.

Indawo yokugcina umsebenzi owenziweyo

Abafundi bagcina iincwadi ababhala kuzo izinto abazifundileyo ukuze babone inkqubela yabo.

Umsebenzi wamaqela

Ukudlala nokusebenzisana kunceda uboneukuba zeziphi izinto okwaziyo ukuzenza.

Imibuzo ngexesha lesifundo

Sebenzisa imibuzo enika impendulo ezininzi, ubakhuthaze ukuba bazicacise iimpindulo zabo.

Uvavanyo njengendlela yokufunda isinika ubungqina bempumelelo yomfundi ngexesha elithile, incede utishala akwazi uqikelela inkqubo yomfundi nokwenza isicwangiso sokugqithela kwakhe.

Yazi into ekufuneka uyazi

Abafundi bagcwalisa abakwaziyo, abafuna ukwazi ekugqibeleni badibanise ulwazi nezinto abasele bezazi.

Ingcamango ngekhonsepthe

Abafundi benza imaphu ezibonisa abakwaziyo ze bongeze ulwazi olutsha njengoko izifundo ziqhubeka. Abafundi benza imaphu ebonisa abakwaziyo ze bongeze ulwazi olutsha njengoko izifundo ziqhubeka.

Ukudibanisa iintloko

Ngokuthetha bevula ulwazi beveza izimvo zabo ezahlukahlukeneyo.

Amatikiti ophuma

Abafundi bachaza ngendlela ulwazi olutsha olunxulumana noluphuhlisa ngayo ulwazi abasele benalo.

Ugqibezelo lwebali

Unika isiqalo sebali wenze abafundi baligqibezele.

Yintoni engekho?

Abafundi baveza izimvo zemibono yabo nakubona kuzintsalela ezibangela ibali lingapheleli.

Ukwazi oma ukufunde

Abafundi bagcwalisa abakwaziyo, abafuna ukwazi ekugqibeleni badibanisa ulwazi nabebekwazi.

Ijenali yokufunda

Abafundi babonakalisa rhoqo ngeveki ngendlela ulwazi olutsha olunxulumana ngayo noludala okanye oko sele bekwazi.

Uvavanyo lokufunda lukunika ubungqina nokuhlolwa kokuqonda nokuzithemba komfundi ngoko akwaziyo.

Uvavanyo lokuphela kwekota

Uvavanyo lokuhlola ukubanjwa komxholo kwisifundo.

Imibuzo yokuhlola

Uvavanyo olufutshane ukuhlola ukuqonda emva kwesifundo.

Umsebenzi obhaliweyo

Umsebenzi wokuhlola ulwazi ngokubhala.

Iprojekthi

Imisebenzi yokuyila ukubonisa ulwazi.

Uvavanyo lokufunda

Uvavanyo lomntu ngamnye ukuze kuhlolwe indlela yakhe yokufunda amagama ngokutyibilikayo.

Imisebenzi eyenziwa ngokoqobo

Imisebenzi enikwa abafundi ukuze basebenzise imizekelo yokoqobo eyenzekayo ebomini.

Ipotifoliyo

Inggokelela yemisebenzi ukulandela inkqubela emva kwexesha elithile.


Ukuthetha phambi kwabantu

Umfundi uthetha ngomsebenzi wakhe phambi kweklasi.

I National Curriculum Statements (NCS) - Ikharityulum ibonisa izakhono zolwazi zezifundo nokubhala, izibalo kunye nezakhono zobom. ISebe Lezemfundo lunika Isikhokhelo Semfundo Yesiseko ukuxhasa ootishala ekufundiseni nokulungelelanisa izifundo kunye noCAPS. Olu thotho lwezifundo lwahlukahlukenene ngemixholo nakuyilo lwalo lunceda utishala nabafundi bakhe bahlangabezane nokufunwa ziinjongo zokuhlelwa kwesi sikhokhelo semfundo.

Iindidi zokuhlola kumaBanga Aphantsi.

Isikhocele sigunyazisa iindidi ezine kumaBanga Aphantsi ashicilelwe kwiNCS:



UHLOBO LOKUFUNDA KUMABANGA APHANTSI

Sibona uLily okrelekrele nosithandayo isikolo. Noxa kunjalo unengxaki kwizifunda zakhe. Ngexesha lesifundo solwimi uthanda ukucela ukuya kwindlu yangasese. Woyika ukubizwa afunde ngokukhwaza. Kwizibalo uyasokola, akakwazi kudibanisa amagama kuba nzima ukulandela. Kwikhowuding neRobhotiks ushekela ngasemvakunzima ukulandela imiyalelo ebhaliweyo. KwiLife Skills uphosa izinto ezibalulekileyo kuba akakwazi ukufunda imiyalelo ebhaliweyo.

Kuyacaca ukuba ikhona ingxaki, kuba akakwazi ukufunda incwadi yomsebenzi. Ayiphelelanga kwizifundo ingxaki kaLily, nasekumameleni kubonakale ukuba kunzima.

Xa ujonga kwigumbhi lakho uLily akayedwa bakhona nabanye. Babefunda ngaphantsi komliganiselo yeminyaka yabo. Kubalulekile ukuluqonda olucelomngeni lwabantwana kumaBanga aphantsi kuba kulapho bakhuliswa khona.

UHLOLO OLUKHAWULEZILEYO KUBANTWANA ABANAKO

Xa abantwana besiya kwiBanga lesi-3, iqhelekile into yokuba kujongwe amandla nendlela yokufunda.

Ngexesha abanye bakhula ngezakhono abanye banocelomngeni lomzimba enokubenza ukuba basokole ukufunda ngempumelelo. Konke oku kuncedwa luqaphelo olukhawulezileyo ukuze umfundi akwazi ukufumana uncedo akwazi ukuqhubeka kakuhle.

Ibali likaLeah

Utishala waqaphela ukuba uLeah ukhetha ukusebenza yedwa nokuba angadlali nabanye abafundi ngexesha lekhefu. Ebekufumana kunzima ukulandela imiqathango enikwa ngomlomo, adandatheke xa iphinda imiyalelo. Noxa ebeqaqamba ezithembile xa kusenziwa umsebenzi wezandla, ebeva ubunzima ekuvakaliseni izimvo zakhe, ohluleke ukujongana ngamehlo, kwenze kube nzima unxibelelwano naye ngootishala.

Nanjengoba unyaka uqhubela phambili, umzali notishala baba nengxabano ngaye. ULeah ebebalasele kwizifundo zezandla nobugcisa, esiva ubunzima obugqithisileyo kwimvakalelo nonxibelelwano. Umzali ebeva ucelomngeni ekuqondeni obu bunzima bohlukeyo kubantwana abalingana naye.

Emva kweentlanganiso eziliqela phakathi komzali nootishala, uLeah wathunyelwa kuvavanyo. Kusemva kwezinzame apho usapho neziko lemfundo likaLeah lwafunda ngesimo sakhe se-Autism. Kwimingaka emininzi edlulileyo, uLeah ebeva ubunzima obugqithisileyo kwiimvakalelo, nonxibelelwano kunye nokuzibandakanya kwimidlalo nabahlobo - unobangela woko ubungaziwa.

Ngolu lwazi lutsha, utishala nomzali kaLeah baye basebenzisana ukumxhasa. Utishala wenza magqinga amatsha, izixhobo ezibonakalayo, kunye nokumbeka bucala kwindawo engenangxolo. ULeah wanikwa ixesha elandisiweyo namathuba okusebenza yedwa okanye namaqela amamcinci.

Ulwazi nge-Autism imxhobisile utishala, wakwazi ukumxhasa, wabuyisela amandla nokwezithemba kuLeah. Emva kwexesha, ufunde amaqhinga okuphuhlisa imvakalelo nokwazi usebenza nabahlobo. Ngoncedo alufumeneyo, umfundi ukwazile uqhubekeka, ukubonalisa ukuba isigulo asimthinteli umntu kwimpumelelo.

Eli bali libonisa ukubaluleka kokumqaphela kwiizibonakiso zempawu ze-Autism kunye nezinye izigulo ezinodala ukhubazeko. Ukungenelela kusekutsha, kunceda abafundi banqobe, kwaye baphumelele.

INDLELA YOKUFUNDISA NGOTHETHA NANGOKWENZA

Ukubabhetyebhetye yindlela yokubonisa iindlela ezahlukahlukeneyo zendlela abafundi ababona nabaqonda ngayo lonto bayifundiswayo. Undoqo kukuba abafunda baqonda bhethela ngemizekelo eyahlukahlukeneyo. Nezinye iindlela ezibonisa ukufana nokwahlukana kwezinto kuloo nto kuthethwa ngayo. Oku kubonisa ukuba abafundi abakwazi kuzinto izinto ngaphandle kokuba iboniswe ize icaciswe ngeendlela ezingafaniyo. Ukubabonisa eyona iyiyo nento engeyiyo, abafundi baye bakwazi ukohlula.

Ngamafutshane, abafundi bafunda lula xa bebona ukuba yinto etshintshayo nengatshintshiyo. Lento ibanceda babone ezona zinto zibalulekileyo. Njengotitshala, singanceda ngokubabonisa imizekelo eyahlukeneyo, ukuze baqonde ngokunzulu.


NAZI INDLELA EZIBALULEKILEYO ZOKUFUNDA NGEENDLELA EZAHLUKAHLUKENEYO

1. Gxila koko kubonakalayo. uTishala uchonga impawu ezibonakalayo kwimfundiso aphuhlise yona.
 - **Ebonakalayo:** Fundisa ngomzekelo ophikisayo ukuveza umahluko.
 - **Uquko:** Ukusenzisa iindlela ezahlukeneyo kwisifundo kwenza ukuba basibone banzi.
 - **Ukwahlukana:** Kufundiswa uphawu ngalunye ukuveza ukubaluleka kwazo.
 - **Udibaniselwano:** Xa udibanisa iimpawu ezinika umdla, uzijonga ukuba zihambhelana njani nesifundo.

Ukuhlola

2. **Ukubona nokuqonda:** Ngokubona imizekelo eyohlukeneyo, abafundi bayakwazi ukucacisa ukuba zeziphi izinto ezibalulekileyo baze bazithathele isigqibo.
3. **Ukuqonda:** Ngokusebenzisa imizekelo eliqela, abafundi bangatsho bakwazi ukuqonda ukuba zeziphi izinto ezibalulekileyo baze bawuqonde ngcono umbandela.

UKWENZA IZIFUNDO EZIYIMPUMELELO



Ukomelela Okunamandla kukatitshala

Ukufundisa abantwana kuluxanduva olukhulu. Lufuna umntu ozinikezeleyo, kuba kuthatha amandla nexesha lakho. Nobungozi bubakhona ethubeni. Yiyo lonto kufuneka uhlale uzikhusele.

UKUZILOLONGA NEXESHA LOKUZOLA

Thatha imizuzu yonke imihla uphumele. Imithambo yomphefumlo nokuthoba umoya iyafuneka. Iindlela zokuzilolonga zamahala ziyafumaneka kwi intanethi, ibe unokuzenza eklasini xa kuthe cwaka

YENZA ABAHLOBO

Yakha ubuhlobo nabanye ootitshala ukuze ufunde kubo ufumane neNxaso. Ukwabelana ngamava nabanye kungakunceda umelane nolwakho ucelomngeni, uze ubone neendlela ezintsha

INDLELA YOKUPHILA ENGCONO

Yitya ngendlela elungileyo, zilolonge, lijonge ulihoye ilizwi lakho, sela amanzi, yitya ukutya okunesondlo, ukuzilolonga rhoqo.

Ingqondo neemvakalelo

Ukufundisa abancwan abancinci abangakwaziyo ukulawula iimvakalelo zabo kusenokuba nzima. Kubalulekile ukuba nomntu othetha naye ngomsebenzi wakho ukuze unciphise uxinezeleko lwengqondo.

Indlela ezakhaya zokulawula ziquka

Amanani amakhulu egumbini lokufunda ayinxaki. Ukusebenzisana kwigumbi unika umkhondo kunceda ukunika imbeko.

Ukulawulo lwegumbi lokufunda:

- Makubekho umda: Cacisa imithetho nemida zisuka uze umane uziphinda phinda.
- Indlela yokwenza: Ukungajikajiki ume emthethweni kunceda kakhulu egumbini elinabantwana abaninzi.
- Ukusebenzisana Ngobuhlobo: Xa besebenza ngamaqela, kwenza ukuba babenoxanduva emsebenzini wabo.
- Izixhobo zokufunda: Sebenzisa imifanekiso yezandla nemiculo kuqhwyatywe nje ngeSikhombisi socwangco.
- Yohlula imithetho: Yenze ukuba ilingela abafundi.

ULAWULO KWIGUMBI ELINA BAFUNDI ABAXUTYIWEYO

Kweli gumbi lixutyiweyo kunyanzelekile ukuba uzazi izidingo zabo. Qala ukufundisa ngendlela ebadibanisa bonke, sebenzisa amaqela ukukhuthaza intsebenziswana, ayithethi nokuba bohluke. Xuba imisebenzi bonke bafumane ngokwezakhono zabo ezahlukeneyo. Mabasebenze ngababini okanye ngeqela ukuze bonke bakwazi ukuba nenxaxheba kumsebenzi.

UKUXHASA ZONKE IINDID ZOKUFUNDA

Nokuba bangakanani abafundi 15, 20 okanye 40, zakuzoloko zikhona ingxaki. Nendlela ezohlukeneyo zokufundisa zibalulekile.

NgokukaVark, indlela zokufunda zenziwe za4:

- Ukufunda ngokubona: Oku kokona kuqhelekileyo. Abafundi bahambha phambili xa isifundo sisenziwa, ngokujonga emfanekisweni.
- Ukufunda ngokuva: Abafundi bayifumana kakuhle inkcazelo xa bemamele, bethethe. Bathanda ukuxoxa ukuze bave kakuhle.
- Ukufunda nokuBhala: Apha abafundi basebenza ngokufunda nokubhala. Baya phumelela ekunikeni inkcazelo ebhaliweyo. Kwaye banesakhono kwingxelo engabhalwanga.
- Ukufunda ngokwenza: Aba bafundi bafunda ngokwenza. Ulwazi baluqokelela ngokuba yinxalenye baphume phambili kwimisebenzi yezandla.

Isihloko soku-1 Izinto esizidingayo ukuze siphile



| Ummandla wokufunda | Izinto esizidingayo ukuze siphile |
|--|--|
| Ixesha lokufundisa | Iiyure ezili-12 <ul style="list-style-type: none"> • ULwazi oluSisiseko nokuziPhatha neNtlalo – iiyure ezi-4 • EzobuGcisa- iiyure ezi-4 • EzemiThambo- iiyure ezi-4 |
| Izixhobo ezicetyiswayo | INcwadi yoMfundi; iipeni/iipensile; udonga lwamagama; iifleshikhadi, izinto ze3D; iividiyo; iitshati; iDBE WB iiphepha 1-9 |
| Iziphumo zokufunda | Ekupheleni kwesihloko abafundi kufuneka: <ul style="list-style-type: none"> • Baqonde ukuba okunye ukutya akukho sempilweni • Baqonde ukuba kutheni kufanele ukutya okusempilweni • Bazi ukuba sifuna ukutya ukuze sikhule, sifumane amandla nempilo • Baqonde ukubaluleka nokusetyenziswa kwamanzi acocekileyo • Bacacise ukubaluleka komoya ococekileyo kwizilwanyana nakwizityalo • Baqonde ukubaluleka nobungozi bokuba selangeni. |
| Izakhono | <ul style="list-style-type: none"> • IZakhono zeNkqubo zeNzululwazi • IZakhono zeNkqubo yezobuGcisa • IZakhono zeNdalo • Qwalasela • Khetha • Thelekisa • Nxibelelana |
| Ulwazi | <ul style="list-style-type: none"> • Iindidi ezahlukileyo zokutya • Ukutya okulungileyo kwamandla • Imithombo yamanzi • Indlela yokulondoloza amanzi • Ukubaluleka kwamanzi, komoya nelanga • Ukukhuselwa elangeni. |
| Indlela yokuziphatha | <ul style="list-style-type: none"> • Intlonipho • Uvelwano • Ukunyamezela |
| Isimo sengqondo | Uphando kunye nonxibelelwano |
| Ulwazi olusisiseko | Abafundi kufuneka baqonde ukuba abantu bafuna izinto ezahlukeneyo ukuze bakwazi ukuphila. Kubalulekile ukuba sempilweni. Ukuze sibe sempilweni kumele sitye ukutya okusilungeleyo kwaye sibe nokufikelela kumanzi acocekileyo nokukhanya kwelanga. |
| Imibuzo esebenzisa ukucinga ngengqiqo | <p>Zeziphi izinto endizidingayo ukuze ndiphile? Yintoni ekufuneka ndiyidle ukuze ndiphile? Ngaba kubalulekile ukuphila ubomi obunempilo?</p> <p>Kufuneka ndenze ntoni ukuze ndiphile ubomi obusempilweni?</p> <p>Ndinokuyikhathalela njani kwaye ndizilondoloze njani izinto endizidingayo ukuze ndiphile?</p> |

| | |
|----------------------------|--|
| Ukuhlanganisa | Ulwimi lwasekhaya: Ukumamela, ukuthetha nokusebenzisa ulwimi olunento yokwenza nempilo kunye nokutya. Ukusebenzisa isigama sokukhetha ukutya. Inzululwazi yendalo: ukuqonda ukubaluleka kwamanzi, umoya nokukhanya kwelanga kuzo zonke izinto eziphilayo. IMathematika, iCoding kunye neRobotics: Ukuya ngasemva naphambili kwigradi. |
| Indlela yokufundisa | Ingxoxo, ukubonisa, umyalelo, ukubuza imibuzo, ukuhlola okungekho sesikweni |
| Ukuhlola | Sebenzisa uqwalaselo ukuhlola umfundi ngamnye ngexesha lokwenziwa kwemisebenzi. Ukuhlola kufuneka kungabikho sesikweni kwaye kuqhubeka. |
| Irubriki | Jonga iirubriki ngezantsi kwemisebenzi ethile. Alukho uvavanyo olusesikweni lweBanga lesi-2. |

Masiqale

Cacisela abafundi ukuba baza kufunda ngoko sikudingayo ukuze siphile.

Buza le mibuzo ilandelayo kwaye uvumele ixesha leempendulo ezahlukeneyo:

- Ngaba ungaphila ngaphandle kokutya?
- Ngaba ungaphila ngaphandle kwamanzi?
- Ngaba yonke into oyityayo ikulungele? Iilekese neziselo ezihwahlwazayo zona?
- Kutheni abantu benxiba iminqwazi kunye nezikhuselilanga xa bengaphandle ngemini eshushu kakhulu?

Xelela abafundi ukuba baza kufunda ngokubaluleka kokutya ukutya okunempilo, ukuphefumla umoya ococekileyo nokusela amanzi acocekileyo nokukhusela ulusu lwethu elangeni. Emva koko cela abafundi bajonge imifanekiso baze baphendule imibuzo.

Abafundi mabasebenze ngezibini.

1. Abafundi kufuneka bachaze ukutya abakuthandayo. Iimpendulo ziza kwahluka.
2. Abafundi kufuneka benze isigqibo sokuba oku kutya kunempilo okanye akunampilo kusini na. Iimpendulo ziza kwahluka.
3. Abafundi kufuneka baphendule ukuba bayakuthanda ukudlala phandle okanye akunjalo. Uninzi lwabafundi baya kukonwabela ukudlala ngaphandle kwaye bayavuma ukuba yindlela enempilo yokuchitha ixesha labo.
4. Abafundi kufuneka bachaze imidlalo abayithandayo. Iimpendulo ziza kwahluka. Basenokukonwabela ukudlala ibhola ekhatywayo, ukudlala ithegi. Vumela ezinye iimpendulo ezifana nokudlala koojingi, kwiindawo ekubekwa kuzo is anti, undize nokutsiba iintambo.



- **enempilo** – izinto ezigcina imizimba yethu yomelele
- **engekho sempilweni** – izinto ezigulisa umzimba

Ikota 1

Umsebenzi woku-1 (iNcwadi yoMfundi iphepha lesi-2)



Sebenzani ngezibini

Igama elitsha

- **Amandla** – oko sikufunayo ukuze imizimba yethu ikwazi ukusebenza okanye ukudlala imidlalo

Isikhokelo somsebenzi

Abafundi kufuneka baphendule imibuzo.

1. Yintoni esinika amandla?
2. Angenza ntoni uSahil ukuze afumane amandla angakumbi?
3. Ucinga ukuba kutheni uSahil edinwa?

Iimpendulo Ezicetyiswayo

1. Ukutya.
2. USahil angatya ukutya okusempilweni ngakumbi.
3. Abafundi kufuneka bavume ukuba uSahil uyazilolonga kwaye akafumani mandla aneleyo ekutyeni akutyayo.

Uqukaniso nokwahlukana

Uqukaniso

Hamba hamba eklasini uqinisekise ukuba bonke abafundi bathatha inxaxheba.

Mamela uqinisekise ukuba bonke abafundi bayabandakanyeka kulo msebenzi.

Ukwahlukana

Khumbuza abafundi ukuba sisuka kwiindawo ngeendawo kwaye sitya iintlobo ngeentlobo zokutya. Khuthaza abafundi ukuba bathethe ngezinto ezahlukeneyo abazityayo. Ukwabelana ngamava obuqu kukhuthaza ukuqonda novelwano eklasini.


Lo msebenzi unokwandiswa kubafundi abafuna ixesha elongezelelweyo.

Ukuba ixesha liyavuma, khuthaza incoko malunga neentlobo ezahlukeneyo zokutya ezityiwa ngamaqela ahlukeneyo enkcubeko.

Izixhobo

INcwadi yoMfundi; iphepha; iipen/iipensile; imifanekiso yokutya okunempilo okwahlukeneyo kwiimagazini.

Umsebenzi wesi-2 (iNcwadi yoMfundi iphepha lesi-3)



Zisebenzele ngokwakho

Isikhokelo somsebenzi

- Abafundi kufuneka balandele iseti yotolo ngalunye.
- Inceda abafundi ukuba bakhethe umkhombandlela ngamnye wentolo. Abafundi kufuneka baqale bakhethe ngokuchanekileyo isandla sabo sasekhohlo baze balandelise ngesasekunene.
- Vumela abafundi basebenzise uphawu oluthile, olufana nepensile yabo, irabha, okanye isiloli ukumela uSahil. Kuya kufuneka baqonde ukuba uSahil uya kujongana negridi kwindawo yokuqala ngaphambi kokulandela umkhombandlela weentolo.
- Khuthaza intsebenziswano nokusebenzisana phakathi kwabafundi.
- Abanye abafundi baya kubona ukuba kukho ezinye iindlela zokufikelela kwinto nganye. Vumela abafundi ukuba babhale iiseti ezahlukeneyo zeentolo kwaye wenze abafundi ukuba bathelekise ukuba yeyiphi indlela ekhawulezayo (iintolo ezimbalwa kwaye yeyiphi indlela ende, iintolo ezininzi).

Iimpendulo Ezicetyiswayo

1. Isidlo sasemini esisempilweni: Isendwitshi kunye nebhottle yamanzi, umnqathe kunye neapile.
2. Iziqhomo - ibhanana, iqpile kunye neorenji.
3. Izinekhi ezingekho mpilweni: idonathi, iitshipi, iikejiki, isiselo esinxilisayo, iayisikrimu

Uqukaniso nokwahlukana

Uqukaniso

Jikeleza eklasini ukuqinisekisa ukuba bonke abafundi bathatha inxaxheba kwaye balandela iseti nganye yeentolo kwigradi. Ncedisa nabaphi na abafundi abasokolayo.

Ukwahlukana

Khuthaza abafundi ukuba bancedisane kwaye basebenzisane omnye nomnye ukulandela iseti yotolo ngalunye. Vumela abafundi ukuba baxoxe ukuba kukho ezinye iiseti zeentolo ezinokukhokelela kwinto nganye kwigradi. Bavumele bahlole ukuba zeziphi iindlela ezimfutshane kwaye zeziphi iindlela ezinde.

Izixhobo

IINcwadi yoMfundi; iipeni/iipensile; izinto ezinokusetyenziswa njengophawu lokuhamba kwigradi, njengesixhobo sokulola sabafundi, ipensile, irabha okanye iglu.

Yenza igridi yobungakanani bokwenyani kumgangatho weklasi ngeteyiphu yokugquma. Oku kuya kuvumela abafundi ukuba babe nomfanekiso-ngqondweni wokuba kufuneka bajongane negridi xa belandela iseti yeentolo.

Umsebenzi wesi-3 (iNcwadi yoMfundi iphepha lesi-4)



Zisebenzele ngokwakho

Isikhokelo somsebenzi

Abafundi kufuneka bajonge imifanekiso baze emva koko benze uluhlu lwendlela zokusebenzisa amanzi okanye lwendlela zokusebenzisa amanzi.

Iimpendulo Ezicetyiswayo

Iimpendulo ziza kwahluka. Iimpendulo ingaba kukusela, ukucoca iimpahla, ukuhlamba imizimba yethu kunye nokunkcenkceshela igadi.

Uqukaniso nokwahlukana

Uqukaniso


Jikeleza eklasini ukuze uqinisekise ukuba bonke abafundi bathatha inxaxheba kwaye bayayiphendula imibuzo. Ncedisa nabaphi na abafundi abasokolayo.

Ukwahlukana

Khuthaza abafundi ukuba bathethe ngezinto ezahlukeneyo abasebenzisa amanzi kuzo emakhayeni abo. Ukwabelana ngamava obuqu kukhuthaza ukuqonda novelwano eklasini.

Izixhobo

INcwadi yoMfundi; iphepha; iipen/iipensile; isitya; isepha; itawuli kunye namanzi okuhlamba izandla.



ixesha lokuphonononga

Abafundi mabasebenze ngezibini.

Abafundi kufuneka baxoxe ukuba amanzi avela phi na.

1. Abafundi kufanele benze ipowusta ebonisa iindawo ezintlanu apho sifumana khona amanzi. Iimpendulo ezinokubakho: imvula, imilambo, amadama, amachibi, kwiimpompo nemibhobho yasemakhaya.
2. Abafundi basebenzisa iincwadi neintanethi ukuze zibancede.
3. Abafundi baxelela iklasi ngoko bakufundileyo.

Umsebenzi wesi-4 (iNcwadi yoMfundi iphepha lesi-5)



Sebenzani ngezibini

Isikhokelo somsebenzi

Abafundi kufuneka baphendule imibuzo.

1. Kwenzeka ntoni kumfanekiso ngamnye?
2. Kutheni le nkwenkwe ibambe impumlo yayo?
3. Kutheni ufuna umoya ococekileyo?
4. Ngaba ucinga ukuba izityalo nezilwanyana zifuna umoya ococekileyo? Ngoba?

Iimpendulo Ezicetyiswayo

1. Umfanekiso woku-1: Intombazana eyonwabileyo ibaleka endaweni enemithi, iintaka, ingca kunye neentyatyambo. Wonwabile kwaye unamandla.
2. Udlala epakini Kukho imithi, iintaka, kunye nomlambo onentlanzi. Wonwabile kwaye unamandla. Umfanekiso wesi-2: Inkwenkwe ihamba kwisitalato apho kukho imoto ekhupha umsi kwiekzosti. Le nkwenkwe ibambe impumlo yayo yaye ikhangeleka ikruqkile ngenxa yevumba.
3. Umsi unuka kakubi.
4. Ukuphefumla nokuba sempilweni.
5. Abafundi kufuneka bavume ukuba izityalo nezilwanyana zifuna umoya ococekileyo ukuze zibe sempilweni.

Uqukaniso nokwahlukana

Uqukaniso

Abafundi banokuba neempendulo ezahlukeneyo. Khuthaza abafundi ukuba babelane ngeempendulo zabo kwaye bachaze ukuba bafikelele njani kwizigqibo zabo.

Ukwahlukana

Khumbula ukuba abafundi banokuba namava awohlukeneyo ngongcoliseko. Into enokubonakala iqhelekile komnye umfundi isenokungamkeleki komnye umfundi.

Abafundi abakhawulezileyo ukuwugqiba lo msebenzi banokucelwa ukuba benze uludwe lweengozi zongcoliseko.

Izixhobo

INcwadi yoMfundi, iipeni/ iipensile.

Umsebenzi wesi-5 (iNcwadi
yoMfundi iphepha lesi-6)

Zisebenzele ngokwakho

- **Ukutshiswa lilanga** – ulusu olubuhlungu olubangelwa kukuba selangeni ixesha elininzi/elide
- **Ukukhusela** – ukugcina umntu okanye into ikhuselekile

Isikhokelo somsebenzi

Abafundi mabajonge umfanekiso baze bafunde iilebhile. Emva koko kufuneka baphendule lemibuzo ilandelayo.

1. Kutheni ilanga liluncedo kuthi?
Qala isivakalisi sakho ngokuthi: Ilanga lilungile kuthi kuba ____.
 2. Kutheni ilanga linokuba yingozi kuthi?
Qala isivakalisi sakho ngokuthi: Ilanga linokuba yingozi kuthi xa ____.
 3. Kumele ukhusele njani ulusu lwakho elangeni?
Qala isivakalisi sakho ngokuthi: Kufuneka ndikhusele ulusu lwam elangeni ngo ____.
- Cacisela abafundi ukuba sifuna ivithamin D ukuze akheke kakuhle amathambo.
 - Cacisela abafundi ukuba ilanga linokonakalisa ulusu lwethu kwaye ilanga elininzi lingakhokelela kumhlaza wolusu

Iimpendulo Ezicetyiswayo

Iimpendulo ziza kwahluka.

1. Ilanga lilungile kuthi kuba lisinika ivithamin D.
2. Ilanga linokuba yingozi kuthi xa lisitshisa.
3. Kufuneka ndikhusele ulusu lwam elangeni ngokuthwala umnqwazi kunye nesithintelilanga.

Uqukaniso nokwahlukana**Uqukaniso**

Abafundi baya kuba neempendulo ezahlukeneyo. Khuthaza abafundi ukuba babelane ngeempendulo zabo kwaye bachaze ukuba bafikelele njani kwizigqibo zabo.

Ukwahlukana

Abafundi banokuphawula ngemibala eyahlukeneyo yolusu lwabafundi abakwiiklasi zabo. Cacisa ukuba iintlanga eziye zakhula kwiindawo ezibandayo azizange zifumane ukukhanya kwelanga kwaye ngenxa yoko zine melatonin encinane kulusu lwabo. Iintlanga eziye zakhula kwiindawo ezishushu ziye zanesidingo esingakumbi sokukhusela elangeni kwaye ngenxa yoko zinolusu olumnyama.

Khumbuza abafundi ukuba wonke umntu unokutshiswa lilanga nokuba linjani na ibala lolusu.

Khangela ividiyo kuYouTube echaza iingozi zokutshiswa lilanga.

Izixhobo

IINcwadi yoMfundi; iipen/iipensile; iipowusta kunye nemifanekiso.

Makhe sijonge

INcwadi yoMfundi iphepha lesi-7

1. Isikhaftina yesi-2 – iapile, isendwitshi yesonka esimdaka kunye netshizi egayiwego kuyo, ibhotile yamanzi.
2. Kufuneka sisebenzise **isithintelilanga** eluswini lwethu xa sisiya elangeni.
3. Isivakalisi asichananga.
4. Abafundi kufuneka bazobe indlela abasebenzisa ngayo amanzi ekhaya. Imizobo yomfundi iya kwahluka. Iimpendulo ezilindelekileyo nazi; ukuhlamba iimpahla, ukuhlamba izitya nokucoca endlini, ukupheka, ukusela nokuhlamba.

Iingoma ezongezelelweyo nemisebenzi

1. UMdlalo weSithintelilanga

Kulula ukulibala ukusebenzisa isithintelilanga kwiindawo ezahlukeneyo zemizimba yethu ngaphambi kokuba singene elangeni. Ngamanye amaxesha kuyanceda ukucula ingoma ngeli xesha ufaka isithintelilanga. Oku kusinceda sikhumbule ukusebenzisa isithintelilanga kwiindawo zomzimba ebesisenokuba siye sazilibala. Cula ingoma ethi "Intloko, Amagxa, Amadolo, neeNzwane" nabafundi kwaye ubakhuthaze ukuba bayicule kwixesha elizayo xa bethambisa isithintelilanga emizimbeni yabo. Abafundi kufuneka benze iintshukumo ngevesi nganye. Khangela ingoma nevidiyo kuYouTube. Lo ngumsebenzi wentshukumo obandakanya izenzo zokuyila, ukuzolula kunye nezakhono zokuhamba.

2. Ndwendwela ifama okanye ivenkile yokutya

Njengeklasi okanye umfundi ngamnye undwendwela ifama okanye ivenkile yokutya. Kufanele benze uluhlu lokutya okunempilo okufumaneka apho. Emva koko kufuneka bachaze iiresiphi/izidlo ezininzi ezahlukeneyo ezinokwenziwa ngezo zinto. Iziphumo zabo zinokwabelwana ngazo njengeklasi.

3. Ubugcisa ngemibala

Abafundi banokupeyinta imifanekiso yokutya okwahlukeneyo, besebenzisa umbala omnye kwiqela lokutya. Umzekelo, ukupeyinta ukutya okubomvu okufana neetumato, amaqunube neerasbheri, okanye ukutya okuorenji okufana neskwashi, iminqathe neeorenji.

Iphepha lomsebenzi loku-1 Izinto ezifunwa zizinto eziphilayo

| | |
|---------------|--------|
| Igama nefani: | |
| Ibanga: | Umhla: |




| | | |
|--------|--------------------|--------|
| ukutya | indawo yokukhusela | amanzi |
| umoya | izinto zokudlala | imoto |

1. Izinto eziphilayo zifuna _____ ukuze ziphefumle.
2. Izinto eziphilayo kufuneka zitye _____ ukuze zibe namandla.
3. Izinto eziphilayo zifuna _____ ukuze zisele.
4. Izinto eziphilayo zifuna _____ efudumeleyo neyomileyo.

Iphepha lomsebenzi lesi-2 Ukutya ekufuneka sikutye

| | |
|---------------|--------|
| Igama nefani: | |
| Ibanga: | Umhla: |

1. Faka umbala kwisiqhamo ngombala ochanekileyo.



2. Gqibezela amagama.

ibhana _____

intya ipe _____

ipayi _____

iapi _____

iqu _____

iqu _____

Isihloko sesi-2

Mna nabanye

| Ummandla wokufunda | Mna nabanye |
|--|--|
| Ixesha lokufundisa | Iiyure ezili-12 <ul style="list-style-type: none"> • Ulwazi oluSisiseko nokuziPhatha neNtlalo – iiyure ezi-4 • EzobuGcisa iiyure ezi-4 • EzemiThambo- iiyure ezi-4 |
| Izixhobo ezicetyiswayo | INcwadi yoMfundi; isikere; iglu; ipeni/iipensile; imifanekiso kunye neencwadi ezinolwazi; iifleshikhadi; iipowusta; iitshati; iividiyo; izinto ezinembonakalo emacalamathathu(3D); DBE WB iiphepha 10-25 |
| Iziphumo zokufunda | Ekupheleni kwesi sihloko abafundi kufuneka bakwazi: <ul style="list-style-type: none"> • Ukuqonda ukuba abantu bohlukile • Ukucacisa indlela yokuba nobubele emntwini • Ukuchaza iimpawu ezenza umhlobo olungileyo • Ukuqonda ukuba kufuneka sibenentlonipho kootitshala bethu nakwizikolo • Ukwazi ukubonisa intlonipho nokunceda abanye • Ukuqonda iingozi zokuxhatshazwa ekuzithembeni • Ukwazi indlela yokwenza ikhonkco lomyalezo. |
| Izakhono | <ul style="list-style-type: none"> • Xela • Thelekisa • Nxibelelana • Ukwazi ukuhlonipha nokuxolela |
| Ulwazi | <ul style="list-style-type: none"> • Ukuqonda ukuba abantu bohlukile • Cacisa indlela yokuba nobubele emntwini. • Iimpawu ezenza umntu abengumhlobo olungileyo. • Ukubaluleka kokuba nentlonipho kootitshala nezikolo zethu. • Ukubaluleka kokuhlonipha nokunceda abanye. • Iingozi zokuxhatshazwa ekuzithembeni. • Indlela yokwenza ikhonkco lomyalezo. |
| Ixabiso | <ul style="list-style-type: none"> • Intlonipho • Uvelwano • Ukunyamezela |
| Uluvo | Uphando kunye nonxibelelwano |
| Ulwazi olusisiseko | Abafundi baqonde ukuba abantu bohlukile kwaye kubalulekile ukuphatha wonke umntu ngobubele, ngokuqonda nangetlonipho. |
| Imibuzo esebenzisa ukucinga ngengqiqo | <p>Ngaba singabanceda njani abanye abantu?</p> <p>Zeziphi iimpawu ezenza umntu abengumhlobo olungileyo?</p> <p>Ngaba siyibonisa njani intlonipho kootitshala nakwizikolo zethu?</p> <p>Ngaba siyibonisa njani intlonipho kwabanye abantu?</p> <p>Ngaba yintoni ukuxhatshazwa kwaye kukuchaphazela ukuzithemba kwethu?</p> |

| | |
|----------------------------|--|
| Ukuhlanganisa | Ulwimi lwasekhaya: Ukuphulaphula nokuthetha: Intetho elungisiweyo nengalungiswanga: Ukwabelana izimvo namava kunye nokubonakalisa ukuqonda ingqiqo; Bonisa ukunxulumana kwengqiqo yokuhlela efundiswe kwiMathematika. Kananjalo nxulumanisa kwikhowuding nakwirobhothi njengoko abafundi beqonda iipatheni zokuyintlonipho nezokudelela. Nxulumanisa kwiKhowuding nakwirobhothi. Abafundi balandela iseti gemiyalelo ukwenza ikhonkco lephepha. |
| Indlela yokufundisa | Ingxoxo, ukubonisa, umyalelo, ukubuza imibuzo, ukuhlola okungekho sesikweni |
| Ukuhlola | Sebenzisa uqwalaselo ukuhlola umfundi ngamnye ngexesha lokwenziwa kwemisebenzi. Ukuhlola kufuneka kungabikho sesikweni kwaye kuqhubeka. |
| Irubrikhi | Jonga iirubrikhi ngezantsi kwemisebenzi ethile. Alukho uvavanyo olusesikweni lweBanga lesi-2. |

Masiqale

Cacisela abafundi ukuba baza kufunda ngeziqu zabo kunye nabanye abantu. Sonke sahlukile kodwa kubalulekile ukuphatha wonke umntu ngokulinganayo nangobubele, ngokuqonda nangentlonipho. Emva koko cela abafundi bajonge imifanekiso baze baphendule imibuzo.

Abafundi mabasebenze ngezibini.

1. Ngaba singenza njani ukuze sibe nobubele kwabanye abantu?

Ziza kwahluka iimpendulo zabafundi. Zingaquka imizekelo efana nokwabelana, ukunceda, ukwenza into entle ungalwanga.

2. Ngaba umthuzela njani umhlobo wakho okhathazekileyo?


Ziza kwahluka iimpendulo zabafundi. Cela ukudlala nabo, ubange, umamele ukuba kutheni bekhathazekile nje.

3. Yenza uluhlu lwezinto ezintathu onokuzenza ukuze wenze umntwana omtsha eklasini yakho azive amkelekile.

Iimpendulo ziza kwahluka. Iimpendulo ezinokubakho: Zazise kubo. Babuze into ngabo.

Bameme bazo kudlala nawe ngekhefu. Hambahamba ubabonise isikolo.

Ikota 1



ixesha lokuphonononga

Mfundi ngamnye makasebenze yedwa.

1. Uziva njani xa unceda abanye?

Ziza kwahluka iimpendulo zabafundi: Bamele bakwazi ukubonakalisa ukuba ukunceda abanye kubenza bazive bonwabile, kamnandi, beneqhayiya ngokuba bekwazile ukwenzela omnye umntu into entle.

2. Ngaba uziva njani xa abanye bekunceda?

Ziza kwahluka iimpendulo zabafundi. Iimpendulo ezinokubakho ziquka ukuziva kamnandi ngesiqu sakho, uxabisekile kwaye ukhathalelwa.

Umsebenzi woku-1 (iNcwadi yoMfundi iphepha lesi-10)



Sebenza wedwa

Isikhokelo somsebenzi

Buza abafundi amagama ambalwa abonisa oko kwenza umhlobo olungileyo uze uwabhale ebhodini ukuze ubancede kulo msebenzi.

Mamela ngenyameko kuzo naziphi na iingcebiso ezingena ngqiqo okanye ezingenambeko kwaye uzinqande ngokuqinisekileyo. Abafundi kufuneka baphendule le mibuzo ilandelayo.

1. Bhala iimpawu ezine ezenza umntu abengumhlobo olungileyo.
2. Bhala iimpawu ezikwenza ubengumhlobo olungileyo kwabanye abantwana.

Iimpendulo Ezicetyiswayo

1. Ziza kwahluka iimpendulo zabafundi: Uluncedo, uyaqonda, unomonde, unobubele, unenkathalo, uyahlekisa, njl.njl.
2. Ziza kwahluka iimpendulo zabafundi: Uluncedo, uyaqonda, unomonde, unobubele, unenkathalo, uyahlekisa, njl.njl.

Uqukaniso nokwahlukana

Uqukaniso

Hambahamba eklasini uqinisekise ukuba bonke abafundi benza umsebenzi.

Nceda nabaphi na abafundi ababonakala ngathi bayasokola ngalo msebenzi.

Ukwahlukana

Khumbuzwa abafundi ukuba zininzi iimpawu ezahlukileyo ezenza umntu abengumhlobo olungileyo kwaye akukho zimpendulo zichanekileyo okanye ezingachanekanga. Into ebalulekileyo komnye umntu isenokungabaluleki komnye umntu.

Ukuba ixesha liyavuma, zama ube nengxoxo yeklasi ngeempawu ezahlukileyo ezenza umntu abengumhlobo olungileyo. Ngaba iimpawu ezifana nokunyaniseka nentembeko zibaluleke ngaphezu koburharha nokuchwayita?

Izixhobo

INcwadi yoMfundi; ipeni/ipensile; incwadi gomsebenzi.



- **Ubuhlobo** – abantu abachitha ixesha kunye kuba bethanda izinto ezifanayo

Umsebenzi wesi-2 (iNcwadi yoMfundi iphepha lesi-11)**Sebenzani ngezibini****Isikhokelo somsebenzi**

1. Abafundi mabagqibezele umbongo wobuhlobo.
2. Kwizithuba ezingenanto, abafundi kufuneka bagcwalise iimpawu kunye nezenzo abacinga ukuba abahlobo abalungileyo bafanele babenazo. Ibhokisi yamagama iza kunceda abafundi.

Abafundi babelana ngombongo wabo eklasini kwaye baquke nezenzo.

Iimpendulo Ezicetyiswayo

Ziza kwahluka iimpendulo zabafundi kodwa kufuneka basebenzise imizekelo ebonelelwe kwibhokisi yamagama.

Bonisa indibaniselwano nesiNgesi. Sebenzisa irubrikhi engezantsi ukuhlola imibongo yabafundi

Uqukaniso nokwahlukana**Uqukaniso**

Hamba hamba eklasini uqinisekise ukuba bonke abafundi bathatha inxaxheba kwaye bagcwalisa izithuba kwimibongo yabo yobuhlobo.

Mamela uqinisekise ukuba bonke abafundi bayabandakanyeka kulomsebenzi. Abanye abafundi banokuziva beneentloni ngokwenza iintshukumo phambi kweklasi, yenza iintshukumo kunye nabo ukubanika ukuzithemba ngakumbi.

Ukwahlukana

Khumbuza abafundi ukuba sonke sahlukile, kufuneka sibahloniphe abantu abahlukileyo nokuba zininzi iimpawu nezenzo ezahlukeneyo ezibalulekileyo kubahlobo. Umzekelo, eMzantsi Afrika kukho iilwimi ezili-11 ezisemthethweni kwaye kufuneka sibahloniphe abantu abathetha ulwimi olwahlukileyo kolwethu.

Ukuba ixesha liyavuma bakhuthaze abafundi ukuba bathathe inxaxheba kwingxoxo yeklasi malunga nokuba ngowuphi umbongo wobuhlobo ongowona ubalaseleyo. Abafundi baya kufunda ukuba akukho mntu uphumeleleyo. Zininzi izinto ezahlukahlukeneyo ezichanekileyo.

Ikota 1

Izixhobo

INcwadi yoMfundi, iipeni/ iipensile.

Fumana ividiyo kuYouTube ebonisa ukuba kutheni kubalulekile ukufunda ukulawula umsindo wethu. Thetha ngale vidiyo nabafundi.

Irubriki yokuhlola umsebenzi: Hlola ngokungacwangciswanga abafundi abasebenza ngezibini

| Umzamo ombi | Umzamo othile | Umzamo obalaseleyo |
|--|---|---|
| Umbongo awuphelelanga ngomzamo ombi kwaye akukho ngqalelo kwiinkcukacha. | Umbongo ugqityiwe kodwa hayi ngomzamo omkhulu okanye ingqalelo kwiinkcukacha. | Umbongo ugqityiwe kwaye ubhalwe ngononophelo kwaye unengqalelo kwiinkcukacha. |



Amagama
amatsha

- **izenzo** – ukuthetha, ukumamela, ukudlala, ukunceda
- **iimvakalelo** – ukonwaba, ukuthandwa

Umsebenzi wesi-3 (iNcwadi yoMfundi iphepha lesi-12)



Sebenza wedwa

Isikhokelo somsebenzi

Abafundi mababhale isivakalisi esifutshane ngoko kwenzekayo kumfanekiso ngamnye. Abafundi mabatsho ukuba ngowuphi umfanekiso obonisa uphawu olulungileyo lokuba ngumhlobo.

Iimpendulo Ezicetyiswayo

Umfanekiso wokuqala: Abafundi kufuneka bachonge ukuba umhlobo omnye unceda omnye umhlobo. Olu luphawu olulungileyo.

Umfanekiso wesibini: Abafundi kufuneka bachonge ukuba iqela labahlobo liyamkhupha omnye umfundi. Olu ayilophawu lulungileyo lomhlobo.

Uqukaniso nokwahlukana

Uqukaniso

Abanye abafundi bangasokola ukufunda nokubhala isivakalisi ngokunokwabo. Yiba nomonde kwaye uncedise abafundi abasokolayo. Funda amagama akwibhokisi yamagama ngokuvakalayo nize niithethe ngentsingiselo yawo.

Ukwahlukana

Abafundi kufuneka bakhuthazwe ukuba bavakalise iimvakalelo zabo kwizivakalisi zabo. Kufanele banxulumanise iimvakalelo ezingakhiyo ezinjengomsindo neempawu ezimbi ekungafanele babe nazo kumhlobo neemvakalelo ezintle ezinjengolonwabo neempawu ezintle abafanele babe nazo kumhlobo.

Ukuba ixesha liyavuma, sebenzisa uYouTube ukufumana iividiyo ezibonisa iimpawu ezahlukeneyo kunye neempawu zabahlobo bokwenene onokuzibukela.

Izixhobo

INcwadi yoMfundi; ipeni/ipensile; incwadi yomsebenzi.

Umsebenzi wesi-4 (iNcwadi yoMfundi iphepha lesi-13)



Amagama
amatsha

- **Intlonipho** – ukuba nobubele ebantwini nokulandela imithetho.
- **Ukungabinantlonipho** – ukuba krwada nokungalandeli mithetho



Sebenzani ngezibini

Isikhokelo somsebenzi

Abafundi kufuneka baphendule le mibuzo ilandelayo.

1. Ngawaphi amakhadi abonisa intlonipho kuitshala nakwisikolo?
2. Ngaba ngawaphi amakhadi abonisa ukudelela ootishala nesikolo?

Iimpendulo Ezicetyiswayo

1. Ukuba nobubele kwabanye abantwana, ukuthobela imithetho yesikolo, ukugqiba umsebenzi wam wesikolo, ukubulisa ootishala bethu xa sibabona.
2. Ukuzoba edesikeni nasesitulweni sam, ndingawenzi umsebenzi ekufuneka ndiwenze, ukuba krwada kootitshala, ukuba krwada kwabanye abantwana. Phendula umbuzo 1 no 2 ngokwendlela ekuboniswe ngayo kuletheybhile ingezantsi.

Uqukaniso nokwahlukana

Uqukaniso

Abanye abafundi basenokusokola ekucwangciseni iifleshkhadi ngolandelelwano oluchanekileyo. Yiba nomonde kwaye uncedise abafundi abasokolayo.

Ukwahlukana

Abafundi kufuneka bakhuthazwe ukuba bacwangcise iifleshkhadi ngendlela abafuna ngayo ngaphandle kokugxekwa.

Ukuba ixesha liyavuma yiba nengxoxo ye-klasi ngazo zonke izinto ezahlukahlukeneyo ezinokwenziwa ukuze kuhlonitshwe abantu.

Izixhobo

INcwadi yoMfundi; incwadi yomsebenzi; iifleshkhadi; iipeni/iipensile.

| Siyibonisa njani intlonipho kootitshala nakwisikolo sethu | Sikubonisa njani ukudelela kootitshala ootishala nesikolo sethu nakwisikolo sethu |
|--|---|
| Ukubulisa ootitshala bethu ngalo lonke ixesha xa sibabona. | Ukuzoba edesikeni yam nasesitulweni. |
| Ukugqiba umsebenzi wethu wesikolo ngalo lonke ixesha. | Ukungenzi umsebenzi ekufuneka ndiwenzile. |
| Ukuba nobubele kwabanye abantwana. | Ukuba krwada kootitshala. |
| Ukulandela imithetho yesikolo. | Ukuba krwada kwabanye abantwana. |

Bonisa ukunxulumana kwengqiqo yokuhlela efundiswe kwiMathematika. Kananjalo nxulumanisa kwikhowuding nakwirobhothi njengoko abafundi beqonda iipatheni zokuyintlonipho nezokudelela.

Umsebenzi wesi-5 (iNcwadi yoMfundi iphepha lwe-14)



Sebenzani ngezibini

Isikhokelo somsebenzi

1. Bayibonisa njani abantwana intlonipho kwabanye abantu?
2. Abafundi mabenze ipowusta ngepeyinti ukubonisa intlonipho. Bakhetha enye yezimvo ezikule mifanekiso, okanye basebenzisa izimvo zabo.
3. Abafundi baxelela iklasi ngepowusta yabo.

Ungenza umboniso wodonga weepowusta zabo xa zigqityiwe.

Iimpendulo Ezicetyiswayo

1. Ngokuhlonipha abantu, ngokunceda abantu, ngokugcina amagumbi eklasi zethu namakhaya ethu ecocekile kunye nokukhathalela abantu abadala.

Sebenzisa irubhriki ukubonisa ukuba abafundi bayazifezekisa iimfuno zemibuzo 2 nowesi-3.

Uqukaniso nokwahlukana

Uqukaniso

Abanye abafundi bangakhetha ukusebenzisa izikere ukwenza iipowusta zabo. Abanye abafundi bangasokola ukusebenzisa izikere ngendlela echanekileyo. Beka abafundi ngababini ukuze abo banolawulo olululo ngakumbi kwaye bancede abafundi abafuna ukuziqhelanisa ngakumbi.

Ukwahlukana

Khumbula ukuba zonke iipowusta zabafundi ziza kwahluka. Khuthaza abafundi ukuba babe nobuchule bokujila.

Lo msebenzi unokwandiswa kubafundi abafuna ixesha elongezelelweyo.

Izixhobo

IIncwadi yoMfundi; iphepha; iipeni/iipensile; izixhobo zobugcisa ezifunwa ngabafundi ukwenzela iipowusta zabo.

Irubriki yokuhlola umsebenzi: Hlola ngokungacwangciswanga abafundi abasebenza ngezibini

| Umzamo ombi | Umzamo othile | Umzamo obalaseleyo |
|---|---|---|
| Ipowusta yenziwe kakubi kwaye nemibuzo ayiphendulwanga. | Ipowusta igqityiwe kwaye nemibuzo iphendulwe kodwa akukho nzame ingako yenziweyo. | Ipowusta igqityiwe kwaye imibuzo iphendulwe ngononophelo nangokunika ingqalelo kwiinkcukacha. |

Umsebenzi wesi-6 (iNcwadi yoMfundi iphepha lesi-15)



Sebenza wedwa

Isikhokelo somsebenzi

Abafundi kufuneka baphendule le mibuzo ilandelayo.

1. Ngaba uZac ubonisa intlonipho okanye ukungabinantlonipho kuMnu. Anwar?
2. Ukuba ubunguMnu. Anwar ngaba ubuya kuvuyiswa yimpendulo kaZac?
3. Yintoni elandelayo ukufuneka yenziwe nguZac?
4. Abafundi mabenze ngathi banguZac baze benzele ikhadi uMnu. Anwar.

Ikhadi kufuneka liquke:

- Umyalezo kaMnu. Anwar ocela uxolo.
- Isithembiso kuMnu. Anwar ukuba awuzukuphinda uthethe naye ngolo hlobo.
- Umfanekiso oza kwenza uMnu. Anwar ancume.

Iimpendulo Ezicetyiswayo

1. Ebengabonisi ntlonipho kuMnu. Anwar.
2. Hayi, uMnu. Anwar uya kudana kwaye akhathazeke. (Ziza kwahluka iimpendulo zabafundi.)
3. Angacela uxolo ngokungaziphathi ngendlela ebekufanele uziphatha ngayo.

Sebenzisa irubriki yekhadi elibonisa imfuno engezantsi.

Uqukaniso nokwahlukana

Uqukaniso

Jikeleza igumbi lokufunda ukuze uqinisekise ukuba bonke abafundi bathatha inxaxheba bephendula imibuzo kwaye benza amakhadi abo.

Ukwahlukana

Khumbuza abafundi ukuba sisuka kwiindawo ngeendawo. Khuthaza abafundi ukuba bathethe ngamakhadi ahlukeneyo abawathumeleyo nabawafumeneyo. Ukwabelana ngamava obuqu kukhuthaza ukuqonda novelwano eklasini.

Lo msebenzi unokwandiswa kubafundi abafuna ixesha elongezelelweyo.

Ukuba ixesha liyavuma, khuthaza incoko ngeedidi ezahlukeneyo zamakhadi angathunyelwa ebantwini. Umzekelo, amakhadi osuku lokuzalwa namakhadi okuvuyisana. Buza abafundi ukuba ukufumana elinye lala makhadi kubenza bazive njani abantu.

Izixhobo

IINcwadi yoMfundi, ipeni/ipensile; iincwadi zomsebenzi.

Irubrikhi yokuhlola umsebenzi: Hlola ngokungekho sikweni abafundi abasebenza bodwa

| Umzamo ombi | Umzamo othile | Umzamo obalaseleyo |
|---|--|--|
| Imiyalelo ayilandelwanga okanye yenziwe kakubi. | Imiyalelo ilandelwe kwaye igqityiwe kodwa akukho nzame ingako yenziweyo. | Imiyalelo ilandelwe kwaye igqitywe ngononophelo nangokunika ingqalelo kwiinkcukacha. |

Activity 7 (iNcwadi yoMfundi iphepha lesi-16)



Sebenza wedwa

Isikhokelo somsebenzi

1. Abafundi kufaneka bakhuphele isandla sabo encwadini yabo.
2. Abafundi kufaneka babhale izinto ezintlanu abanokuzenza eziya kuba luncedo kwaye zibonise intlonipho kwabanye.
3. Abafundi kufaneka babhale isenzo esinye kumnwe ngamnye.

Iimpendulo Ezicetyiswayo

1. Abafundi kufaneka bakhuphele isandla sabo encwadini yabo.
2. Ezi-2 nezi-3. Ziza kwahluka iimpendulo zabafundi: Zisenokuquka ukwabelana nabanye, ukubandakanya abanye kwimidlalo yethu, ukwamkela abahlobo abatsha, ukubonisa ububele, ukunceda abantu abadala, ukunceda abahlobo, ukwamkela abantu njengoko benjalo.

Sebenzisa irubrikhi engezantsi ukuhlola ukusebenza komfundi.

Uqukaniso nokwahlukana

Uqukaniso

Abafundi baya kuba nezakhono ezahlukeneyo zobugcisa. Khuthaza abafundi ukuba babe nobuchule kwaye bathethe ngomsebenzi wabo omnye komnye kwaye batshintshiselane ngezimvo.

Ukwahlukana

Sebenzisa lo msebenzi ukuze ubonise abafundi ukuba abanye abantu basebenzisa isandla sasekhohlo yaye abanye basebenzisa isandla sasekunene. Sahlukile kodwa sonke siyafana!


Abafundi abakhawulezayo banokuphinda umthambo basebenzisa esinye isandla bazame ukuza nezinye iindlela abanokuba luncedo ngazo kwaye babonise intlonipho kwabanye.

Izixhobo

INcwadi yoMfundi; ipeni/ipensile; incwadi yomsebenzi.

Irubrikhi yokuhlola umsebenzi: Hlola ngokungekho sikweni abafundi abasebenza bodwa

| Umzamo ombi | Umzamo othile | Umzamo obalaseleyo |
|--|---|--|
| Umzobo awenziwanga okanye wenziwe kakubi. Unobunzima bokuzoba ecaleni kwesandla. | Umzombo ugqityiwe kodwa akukho nzame ingako yenziweyo. Angakwazi ukuzoba ecaleni kwesandla, kodwa hayi ngokuzithemba. | Umzobo ugqitywe ngononophelo kwaye unengqalelo kwiinkcukacha. Uzoba ngokuzithemba ecaleni kwesandla. |



ixesha lokuphonononga

Abafundi mabasebenze ngezibini.

Ukuba uncede umhlobo wakho, ngaba ufanele ulindele into ethile ngembuyekazo?

Utitshala makakhokele ingxoxo. Abafundi kufuneka baqaphele ukuba ukunceda umntu akuthethi ukuba uya kufumana imbuyekazo. Sisoloko sibanceda abantu kuba sivakalelwa kukuba le yinto efanelekileyo ukuyenza.

Umsebenzi wesi-8 (iNcwadi yoMfundi iphepha lesi-17)



Sebenzani ngezibini

Isikhokelo somsebenzi

Abafundi kufuneka baphendule imibuzo.

1. Kwenzeka ntoni emfanekisweni?
2. Ungaziva njani ukuba abanye abantwana benze oku kuwe?
3. Ngubani onokusinceda ukuba siyaxhatshazwa?
4. Ngaba singenze njani ukuze abantu bazive ngcono ngeziqo zabo?

Iimpendulo Ezicetyiswayo

1. Abantwana bahlekisa ngomnye umfundi kwaye bayamxhaphaza. Umfundi uziva ekhathazekile kwaye uyalila.
2. Ziza kwahluka iimpendulo zabafundi: Ukhathazekile, unomsindo, uphatheke kakubi, udidekile.
3. Abantu esibathembileyo bangasinceda: Abazali, oomawomkhulu, iititshala.
4. Sinokubaxelela indlela abakhetheke ngayo: mhlawumbi bakrelekrele, banobuchule kwezemidlalo, banobuchule emculweni. Sinokuqonda xa benze into abanokuzingca ngayo: benze umsebenzi wasekhaya, bancede umhlobo, banyamekele abantakwabo, bagqibe umsebenzi wabo wesikolo, bazifundele incwadi.

Uqukaniso nokwahlukana

Sebenzisa lo msebenzi ukukhuthaza abafundi baxelele umntu omdala ukuba bayaxhatshazwa.

Khumbuzisa abafundi ukuba ukuxhaphaza abanye kuba behlukile akwamkelekanga.

Ukuba ixesha liyavuma yiba nengxoxo yeklasi ngeendlela ezahlukileyo abanokuxhatshazwa ngazo abantu nangendlela abavakalelwa ngayo.


Izixhobo

IIncwadi yoMfundi; incwadi yomsebenzi; iipeni/iipensile.



- **Ukuxhaphaza** – ukuthetha okanye ukwenza izinto ezimbi kwabanye
- **Ukuzithemba kwethu** – indlela oziva ngayo ngesiqu sakho

Umsebenzi wesi-9 (iNcwadi yoMfundi iphepha lesi-18)



Sebenzani ngezibini

Isikhokelo somsebenzi

Abafundi baya kwenza ikhonkco lomyalezo onamandla.

Imiyalelo:

1. Sika iphepha ngalinye elinemibala libe yimicu emihlanu
2. Nika umcwe omnye kumfundi ngamnye
3. Umfundi ngamnye kumele abhale nokuba:
 - Indlela enye yokuthintela ukuxhaphaza okanye
 - Indlela enye yokubonisa intlonipho kwabanye.
4. Yenza umcu ube likhonkco kwaye udibanise yonke imicu ngesteyipla.
5. Hombisa igumbi lokufundela ngamakhonkco emiyalezo awomeleleyo.

Nxulumanisa kwiKhowuding nakwiirobhothi. Abafundi balandela iseti yemiyalelo ukwenza ikhonkco lephepha.

Iimpendulo Ezicetyiswayo

Abafundi benza ikhonkco lomyalezo olomeleleyo ngokulandela imiyalelo.

Uqukaniso nokwahlukana

Uqukaniso

Qinisekisa ukuba bonke abafundi kwiqela ngalinye basebenza kunye kwaye bayazibandakanya.

Ukwahlukana

Sebenzisa lo msebenzi ukuthetha ngokuba nentlonipho kwabanye.

Izixhobo

INcwadi yoMfundi; iphepha elinemibala eyahlukeneyo; iipeni zemibala; isikere; isteyipla.

Makhe sijonge

INcwadi yoMfundi iphepha lesi-19

1. Ziza kwahluka iimpendulo zabafundi: Unobubele, uthembekile, unomonde, unokuqonda, uluncedo.
2. Ziza kwahluka iimpendulo zabafundi: Ngokwamkela abantu abanokuthi bahluke kuthi, ngokuba nembeko nokunceda, ngokugcina igumbi lethu lokufundela, isikolo nekhaya licocekile, ngokumamela nokulandela imiyalelo, ngokwenza abantu bazive bequkiwe.
3. Ukuxhatshazwa kwenza abantu bazive kakubi ngabo.
4. Ziza kwahluka iimpendulo zabafundi. Iimpendulo ezinokubakho zinokuquka ukuya kutitshala ukuze akuncede.

Imisebenzi eyongezelelweyo kunye nemidlalo

1. Ukulinganisa iimvakalelo

Bhala amagama eemvakalelo ezahlukeneyo ezifana nosizi, ulonwabo, umsindo kunye novuyo emakhadini. Yahlula abafundi babe ngababini uze ucele umntu omnye kwiqela ngalinye ukuba adlale iimvakalelo zomnye. Omnye kufuneka aqikelele ukuba yeyiphi imvakalelo edlalwayo. Banokutshintshana.

2. Ukuthi “hayji” kubaxhaphazi

Fumana ividiyo kuYouTube ebonisa iindlela ezahlukeneyo abafundi abangaxhatshazwa ngazo.

Iklasi ingenza uluhlu lweendlela abafundi abaxhatshazwa ngazo.

Bangenza ukulinganisa ngokuthi hayji kumxhaphazi ngokwamaqela.

3. Dlala Upuca

Phambi kokuba uqale qiniseka ukuba iklassi yenza imisebenzi ethile yokuzifudumeza nokuzolula.

Emva koko dlala Upuca (amatye alishumi). Upuca ngumdlalo wemveli kwaye ukwaziwa njengeDiketo.

4. Iklasi mayicula ingoma ethi “Ukuba wonwabile kwaye uyayazi”

Khangela ividiyo kuYouTube kwaye ucele ingoma kunye neklasi ngezenzo.

5. Ukuthi hayji ekuxhaphazeni abanye eklasini

Ukusebenza njengeklasi abafundi kufuneka benze iibhendi zesihlahla ezichasene nokuxhatshazwa. Uza kufuna imicwe yephepha, iipeni/iipensile kunye nesteyipla.

Umfundi ngamnye kufuneka athabathe umcwe omnye wephepha. Ephepheni banokubhala umyalezo okanye baphawule malunga nokuxhatshazwa.

Umzekelo: “phelisa ukuxhaphaza ngoku”, “ukuxhaphaza akulunganga” okanye “abaxhaphazi ngamagwala”.

Abafundi banokusonga iziphelo ezibini zemicwe ezihlahleni zabo kwaye ungasebenzisa isteyipla ukuyitywina kunye.

Ukuqeqesha Umzimba

- Funda ukukwazi ukuzilawula nokusebenzisana-Zama ukuma ngomlenze omnye. (Sebenzisanani)

Iphepha lomsebenzi woku-1 Ubuhlobo kunye nentlonipho

| | |
|---------------|--------|
| Igama nefani: | |
| Ibanga: | Umhla: |

Gqibezela ezi zivakalisi.

Igama lam ngu _____.

Ndineminyaka e _____ .

Ndihlala e _____.

Iinwele zam zi _____ ngombala.

Amehlo am anombala o _____.

Ndifunda e _____.

Owona mdlalo ndiwuthandayo yi _____.

Ndithanda ukutya i _____.

Umdlalo kamabonwakude endiwuthandayo _____.

Ndinoobhuti aba _____ noosisi aba _____.


Iphepha lomsebenzi wesi-2 Izinto esifanele sizitye

| | |
|---------------|--------|
| Igama nefani: | |
| Ibanga: | Umhla: |

1. Jonga esi sandla.



2. Sebenzisa ikhrayon nekhoki uze uzobe imigca ekwezi zandla zingezantsi.



Isihloko sesi-3 Wonke umntu ukhethekile

| Ummandla wokufunda | Wonke umntu ukhethekile |
|--|--|
| Ixesha lokufundisa | Iiyure ezili-12 <ul style="list-style-type: none"> Ulwazi Olusiseko Nokuphahla Nentlawulo – iiyure ezi-4 EzobuGcisa –iiyure ezi-4 EzemiThambo- iiyure ezi-4 |
| Izixhobo ezicetyiswayo | <ul style="list-style-type: none"> INcwadi yoMfundi; ilaphu lokugquma amehlo; ibhola yentenetya; isebe/ikhuni; ikhadibhodi elula; ipensile; iikhrayoni; iipeni ezinemibala; isikere; ielastikhi; DBE WB iiphepha 26-41. |
| Iziphumo zokufunda | <p>Ekupheleni kwesi kwesisihloko abafundi kufuneka bakwazi:</p> <ul style="list-style-type: none"> Ukucacisa ukuba amagama afanayo nahlukileyo athetha ukuthini Ukuqonda ukuba wonke umntu wahlukile kodwa usakhethekile Ukuqonda ukuba abantu abohlukeneyo bathetha iilwimi ezahlukeneyo kwaye batya ukutya okwahlukileyo Ukuchaza ukuba yintoni ukukhubazeka kunye nendlela yokuphatha abantu abakhubazekileyo Ukucacisa ukuba yintoni iqhawe kwaye yintoni eyenza umntu abe liqhawe. |
| Izakhono | <ul style="list-style-type: none"> Tolika Thelekisa Yila Nxibelelana |
| Ulwazi | <ul style="list-style-type: none"> Abantu Izinto ezinceda abantu (iintonga, iiglasizamehlo, izixhobo zokuva, izitulo ezinamavili njl.njl.) Ukukhubazeka nendlela esiphatha ngayo abantu abakhubazekileyo Yintoni eyenza umntu abeliqhawe. |
| Indlela yokuziphatha/ izinto endizifundileyo | <ul style="list-style-type: none"> Intlonipho Uvelwano |
| Uluvo | Uphando nonxibelelwano, ukuqonda nokunyamekela abanye |
| Ulwazi olusisiseko | Abafundi bafunde ukuba abantu bohluke kwaye kubalulekile ukuphatha wonke umntu ngobubele, ngokuqonda nangetlonipho. |
| Imibuzo esebenzisa ukucinga nokuqqa | Zeziphi izinto abantu abafana ngazo nabahluke ngazo? Yintoni ukukhubazeka? Sinokubanceda njani abantu abakhubazekileyo? Yintoni iqhawe? Yintoni eyenza umntu abeliqhawe? Ngoobani amaqhawe akho? |
| Ukuhlanganisa | IsiNgesi: ukusebenzisa isigama sokuthetha ngamaqhawe nokunceda abanye |
| Indlela yokufundisa | Ingxoxo, ukubonisa, umyalelo, ukubuza imibuzo, ukuhlola okungekho sesikweni |

| | |
|------------------|--|
| Ukuhlola | Qwalasela uze uhlole umfundi ngamnye ngexesha lokwenziwa kwemisebenzi. Ukuhlola kufuneka kube sesikweni kwaye kuqhubeke. |
| Irubrikhi | Jonga iirubrikhi ngezantsi kwemisebenzi ethile. Alukho uvavanyo olusesikweni lweBanga lesi-2. |

Masiqale

Qala ngokucacisela abafundi ukuba kwesi sihloko siza kufunda ngezinto ezisenza sibe ngabantu abakhethekileyo. Cacisa ukuba sonke sinezakhono nobuchule obahlukeneyo kwaye kufuneka sibe nembeko kwabanye abantu.

Abafundi kufuneka bajonge imifanekiso baze baphendule imibuzo elandelayo.

1. Yintoni eyenza abantu abakwimifanekiso bakhetheke? Iimpendulo ziza kwahluka. Abafundi kufuneka bavume ukuba abantu abakwimifanekiso bahlukile kwaye banezakhono nobuchule obahlukeneyo.
2. Yintoni ekwenza ukhethke? Iimpendulo ziza kwahluka. Abafundi kufuneka bakhuthazwe ukuba bachaze iimpawu zabo ezikhethekileyo.
3. Yintoni eyenza abahlobo bakho bakhetheke? Iimpendulo ziza kwahluka. Iimpendulo ezinokubakho zinokuquka ububele, ukunyaniseka, uburharha, njl.njl.



ixesha lokuphonononga

Abafundi mabasebenze ngezibini.

1. Abafunda kufuneka baqeqeshwe incam yomnwe wabo ngepeyinti yewatercolor kwaye bawucinezele kwiphepha.
2. Abafundi kufuneka bajonge ngononophelo kumzila womnwe wabo nakwimizila yeminwe yomhlobo wabo.
3. Ngaba iyafana? Abafundi kufuneka bavume ukuba ayifani.

Cacisela abafundi ukuba wonke umntu uneempawu zemizila yeminwe eyahlukileyo kwaye imizila yeminwe isetyenziselwa ukuchonga abantu.



- **Ukukhetheka** – into eyenza ukuba sahluke kwabanye abantu
- **Umzila womnwe** – ipateni yeempawu ezenziwe yimizila yeminwe yethu

Umsebenzi woku-1 (iNcwadi yoMfundi iphepha lwama-22)



Sebenza wedwa

Isikhokelo somsebenzi

Abafundi kufuneka bahambe kwigumbi lokufundela baze bafumane izinto ezifanayo nezahlukeneyo phakathi kwabo kunye nabo bafunda nabo.

1. Fumana umntu owenze iinwele ngendlela efana neyakho.
2. Fumana umntu odlala ezemidlalo eyahlukileyo kuwe.
3. Fumana umntu onxiba izipekisi.
4. Fumana umntu onobude obufana nobakho

Iimpendulo Ezicetyiswayo

Ku-1, 2, 3, naku-4. Iimpendulo ziza kwahluka. Abafundi baya kufumana abantu abahlukeneyo abaza kufanisa izinto ezithile nabo.

Uqukaniso nokwahlukana

Uqukaniso

Jikeleza kwigumbi lokufundela ukuze uqinisekise ukuba bonke abafundi bathatha inxaxheba kwaye baphendula imibuzo kunye, nokufumana abafundi abafaniselana noko bakukhangelayo. Qinisekisa ukuba akukho mfundi okuhlekiswa ngaye ngenxa yokuba enxiba iiglas zamehlo.

Mamela uqinisekise ukuba bonke abafundi bayabandakanyeka kulo msebenzi. Abanye abafundi bangaziva beneentloni ngokuthatha inxaxheba nabanye abafundi. Ungabancoma abafundi kwaye ubancedise ukuze ubanike ukuzithemba ngakumbi.

Ukwahlukana

Khumbuza abafundi ukuba sonke sahlukile kodwa sonke sikhethekile kwaye sineempawu zethu ezikhethekileyo. Kufuneka sifunde ukuhlonipha abohlukileyo.

Izixhobo

IIncwadi yoMfundi.

Lo msebenzi unokwandiswa ukuba kukho imfuneko yexesha elongezelelweyo. Unokongeza imibuzo kuluhlu lwabafundi abakhawulezayo ngelixa unceda abo bafunda kade.

**Irubrikhi yokuhlola umsebenzi: Hlola ngokungacwangciswanga abafundi
abasebenza ngezibini**

| Umzamo ombi | Umzamo othile | Umzamo obalaseleyo |
|---|--|---|
| Umfundi khange athathe inxaxheba ukuze aphenhule imibuzo. | Umfundi uthathe inxaxheba kodwa khange aphenhule yonke imibuzo ngokwanelisayo. | Umsebenzi ugqityiwe kwaye umfundi uthathe inxaxheba waze waphendula yonke imibuzo ngokwanelisayo. |



Amagama
amatsha

- **Okufanayo** – izinto ezifanayo
- **Ukwahluka** – izinto ezingafaniyo

Umsebenzi wesi-2 (iNcwadi yoMfundi iphepha lwama-23)



Sebenzani ngezibini

Isikhokelo somsebenzi

Abafundi kufuneka baphendule imibuzo.

1. Loluphi ulwimi oluthethwa ngumama kaEntle?
2. Loluphi ulwimi eniluthetha ekhaya?
3. Kokuphi ukutya okusetafileni othanda ukukutya?

Iimpendulo Ezicetyiswayo

1. IsiXhosa.
2. Iimpendulo ziza kwahluka.
3. Iimpendulo ziza kwahluka. Iimpendulo ezinokubakho: isitya sepapa, itshakalaka, imifuno efana ithanga, umbona, amaqebengwana esonka kunye nesonka sobisi.

Uqukaniso nokwahlukana

Uqukaniso

Abafundi baya kuba namava ahlukeneyo ngeelwimi nokutya. Kusenokwenzeka ukuba asingabo bonke abafundi ababenethuba lokutya zonke iintlobo ezahlukahlukeneyo zokutya ezisemifanekisweni. Khuthaza abafundi ukuba bathethe ngamava abo. Abafundi banokuqaphela ukuba usapho lukaEntle lunoomama ababini.

Oku kunokusetyenziswa njengethuba lokuxoxa nabafundi ukuba zonke iintsapho zinokukhangeleka zahlukile kancinane, kodwa zisafana ngendlela abathandana nabakhathalelana ngayo. Abafundi kufuneka bakhuthazwe ukuba babelane ngolwazi olungakumbi malunga neentsapho zabo nangendlela usapho lwabo olunokwahluka ngayo xa benqwenela njalo. Khumbula ukuba abanye abafundi basenokungafuni ukuthetha ngeentsapho zabo yaye eso sigqibo kufanele sihlonitshwe.

Ukwahlukana

Khumbula ukuba uMzantsi Afrika lilizwe elinabantu abahlukahlukeneyo elineelwimi ezili-11 ezisemthethweni. Ncedisa nabaphi na abafundi abasokolayo. Kukwakho neentlobo ngeentlobo zokutya ezinokutyiwa kwibraai okanye kwiindibano zosapho. Khuthaza abafundi ukuba babelane ngamava abo.

Izixhobo

INcwadi yoMfundi; iipeni/iipensile; incwadi yomsebenzi.

Ukuba ixesha liyavuma zama ukufumana ividiyo kuYouTube abafundi abanokuyibukela ethetha zonke iintlobo ezahlukahlukeneyo zokutya okutyiwa kwilizwe labo.

Unokuthetha ngokutya okutyiwa kwamanye amazwe, anjengeIndiya okanye iMelika.

Umsebenzi wesi-3 (iNcwadi yoMfundi iphepha lwama-24)



Sebenzani ngezibini

Isikhokelo somsebenzi

Abafundi bafanele bagqibe ngendlela into nganye ekuloo mifanekiso ebanceda ngayo abantu.

Iimpendulo Ezicetyiswayo

Umfanekiso woku-1: Iiglas zamehlo zanceda abantu ukuba babone.

Umfanekiso wesi-2: I-Walker incedisa abantu xa bezama ukuhamba.

Umfanekiso wesi-3: Izinja ezikhokelayo zanceda abantu abangaboniyo ukuba bafumane indlela. Intonga emhlophe inceda abantu bazi ukuba umntu uyimfama yaye ufuna uncedo.

Umfanekiso wesi-4: Izixhobo zokuva zanceda abantu ukuba beve.

Uqukaniso nokwahlukana

Uqukaniso

Khuthaza abafundi ukuba babelane ngeempendulo zabo kwaye bachaze ukuba bafikelele njani kwizigqibo zabo. Abafundi abakhawulezayo ukugqiba umsebenzi banokucelwa ukuba benze uluhlu lwezinye izinto zokunceda nezixhobo ezanceda abantu abakhubazekileyo.

Ukwahlukana

Khumbula ukuba iimpendulo zabafundi zingohluka. Asingabo bonke abafundi abakhe bayibonainja ekhokela abangaboniyo isixhobo sokuncedisa ukuva. Ncedisa nabaphi na abafundi abasokolayo.

Izixhobo

I-Ncwadi yoMfundi; iipeni/iipensile; incwadi yomsebenzi.

Khangela ividiyo kuYouTube okanye inqaku elichaza ukubaluleka kwezixhobo ukuze abantu babelane ngazo neklasi.



ixesha lokuphonononga

Abafundi mabazisebenzele ngokwabo.

Abemi boMzantsi Afrika bathetha iilwimi ezininzi ezahlukeneyo. Ulwimi lwezandla lukwalulwimi olusemthethweni eMzantsi Afrika.

Abafundi kufuneka babhale phantsi iilwimi ezintathu abazaziyo. Iimpendulo ziza kwahluka. Khumbuza abafundi ukuba kukho iilwimi ezininzi ezisemthethweni eMzantsi Afrika kuquka neBraille. Thetha ngokuba yintoni iBraille nendlela ebanceda ngayo abantu abangaboniyo.

Umsebenzi wesi-4 (iNcwadi yoMfundi iphepha lwama-25)



Sebenzani ngezibini

Isikhokelo somsebenzi

Abafundi baya kudlala umdlalo wokugquma amehlo. Kufuneka balandele amanyathelo abonelelweyo.

1. Gquma iqabane lakho amehlo, qiniseka ukuba akukho nto liyibonayo.
2. Beka ibhola yentenetya okanye intonga kwindawo ekufuneka ifunyenwe liqabane lakho.
3. Yima neqabane lakho eligqunywe amehlo.
4. Xelela iqabane lakho indlela yokufika kwibhola yentenetya ngokulinika intanga.
5. Yonwaba!

Iimpendulo Ezicetyiswayo

Abafundi mabalandele amanyathelo.

1. Abafundi bagquma amaqabane abo amehlo, beqinisekisa ukuba awaboni nto.
2. Abafundi baya kwenye indawo baze babeke ibhola okanye intonga yabo yentenetya.
3. Abafundi babuyela kumgca wokuqalisa apho amaqabane abo agqunywe amehlo akhoyo.
4. Abafundi bakhokelela amaqabane abo kwibhola yentenetya ngokubanika imiyalelo.
5. Mabonwabe abafundi!

Uqukaniso nokwahlukana

Uqukaniso

Abafundi kufuneka bazame kwaye bawonwabele la mava kwaye bonwabe. Qinisekisa ukuba bonke abafundi bathatha inxaxheba kwaye bonwabile. Ukuba ixesha liyavuma yiba nengxongxo yeklasi malunga nobunzima abajamelana nabo abantu abaziimfama noko kunokwenziwa ukubanceda.

Ukwahlukana

Khumbula ukuba abanye abafundi banokuba neentloni kwaye bangakwazi ukwenza intshukumo gomzimba njengabanye abafundi. Ncedisa abafundi apho kunokwenzeka.

Izixhobo

iNcwadi yoMfundi; ilaphu lokugquma amehlo; ibhola yentenetya; isebe/intonga.

Irubrikhi yokuhlola umsebenzi: Hlola ngokungacwangciswanga abafundi abasebenza ngababini

| Umzamo ombi | Umzamo othile | Umzamo obalaseleyo |
|--|--|---|
| Abafundi abazange bathathe inxaxheba kumdlalo kwaye khange bakwazi ukukhokelela iqabane labo kwibhola yentenetya okanye intonga. | Abafundi bathathe inxaxheba, bakwazi ukukhokela iqabane labo kwibhola yentenetya okanye intonga kodwa abazange bafumane okuninzi kumdlalo. | Abafundi baye bathatha inxaxheba, bakhokela iqabane labo kwibhola okanye intonga yentenetya, bonwabile kwaye bawonwabela umdlalo. |

- **Ukukhubazeka** – xa ungakwazi ukusebenzisa ilungu lomzimba wakho
- **iramp** – indawo eqengqelekayo yokuhamba iwheelchair.



Umsebenzi wesi-5 (iNcwadi yoMfundi iphepha lesi-26)



Zisebenzele ngokwakho

Isikhokelo somsebenzi

Abafundi kufuneka baphendule le mibuzo ilandelayo.

1. Ukuba uNomsa ebeyinxalenye yeklasi yakho, ubunokumnceda njani?
2. Ngaba uNomsa kufuneka ahlale yedwa ngexesha lekhefu? Ngoba kutheni?
3. Ungaziva njani xa uhlala wedwa eklasini ngexesha lekhefu?

Iimpendulo Ezicetyiswayo

1. Iimpendulo ziza kwahluka. Iimpendulo ezinokubakho zisenokuba lunceda ekutyhaleni isitulo sakhe esinamavili nokuba nobubele kuye.
2. Abafundi kufanele bavume ukuba akulunganga ukuba ashiywe yedwa ngexesha lekhefu kuba akukho mntu ufanele ashiywe yedwa kwaye angahoywa.
3. Iimpendulo ziza kwahluka. Iimpendulo ezinokubakho ziquka ukuziva ukhathazekile kwaye ulilolo.

Uqukaniso nokwahlukana

Uqukaniso

Jikeleza kwigumbi lokufunda ukuze uqinisekise ukuba bonke abafundi bathatha inxaxheba, kwaye bayayiphendula imibuzo.

Mamela uze ubukele ukuze uqinisekise ukuba bonke abafundi bayabandakanyeka kulo msebenzi. Ncedisa nabaphi na abafundi abasokolayo.

Ikota 1

Ukwahlukana

Khumbuza abafundi ukuba sonke sahlukile kwaye nabantu abakhubazekileyo abahlukanga. Kufuneka sibahloniphe abantu abanokukhubazeka.

Izixhobo

INcwadi yoMfundi; iipeni/iipensile; incwadi yomsebenzi.

Ukuba ixesha liyavuma cela abafundi bacinge ngeentlobo ezahlukeneyo zokukhubazeka noko kunokwenziwa ukunceda abantu abanokukhubazeka.

Umsebenzi wesi-6 (iNcwadi yoMfundi iphepha lesi-27)



Sebenzani ngezibini

Isikhokelo somsebenzi

Abafundi kufuneka bajonge imifanekiso baze babhale indlela uJayden anxibelelana ngayo noKiara.

Iimpendulo Ezicetyiswayo

Impendulo enokubakho: usoloko ejongene naye xa ethetha ukuze akwazi ukufunda imilebe yakhe, usebenzisa imiqondiso yezandla nolwimi lwezandla.

Uqukaniso nokwahlukana

Uqukaniso

Hamba hamba egumbini lokufunda uqinisekise ukuba bonke abafundi bathatha inxaxheba kwaye babhala izivakalisi zabo.

Bukela ukuze uqinisekise ukuba bonke abafundi bayabandakanyeka kulo msebenzi.

Ukwahlukana

Khumbuza abafundi ukuba sonke sahlukile, kufuneka sibahloniphe abantu abahlukileyo nokuba zininzi iimpawu nezenzo ezahlukeneyo ezibalulekileyo kubahlobo. Abantu abakhubazekileyo abahlukanga kwaye kufuneka baphathwe ngentlonipho.

Izixhobo

INcwadi yoMfundi; iipeni/iipensile; incwadi yomsebenzi.

Ukuba ixesha liyavuma cela abafundi bafunde kangangoko banako ngolwimi lwezandla. Ngaba banokusebenzisa intetho yezandla xa bebulisa?



- **Isincedisi sokuva** – into oyinxiba ngaphakathi okanye emva kwendlebe yakho ekunceda ukuba uve
- **Intetho yezandla** – ukusebenzisa izandla zakho namanye amalungu omzimba wakho ukuthetha

Umsebenzi wesi-7 (iNcwadi yoMfundi iphepha lesi-28)



Sebenzani ngezibini

Isikhokelo somsebenzi

Abafundi kufuneka baphendule le mibuzo ilandelayo.

1. Yintoni iqhawe?
2. Ngaba kufuneka ubemdala ukuze ubeliqhawe?
3. Unokuba lliqhawe njani ngoku?

Iimpendulo Ezicetyiswayo

1. Iimpindulo enokubakho: ngumntu esimhlonelayo ngenxa yobuntu, ubuchule nenkalipho yakhe.
2. Abafundi kufuneka bavume ukuba akufuneki ulinde ude ube mdala ukuze ube liqhawe.
3. Iimpendulo ziza kwahluka. Enye impindulo enokubakho inokuba kukunceda abanye abantu.

Uqukaniso nokwahlukana

Uqukaniso

Abanye abafundi basenokukufumanisa kunzima ukudwelisa iimpawu ezahlukahlukeneyo ezenza umntu abe liqhawe. Yiba nomonde kwaye uncedise abafundi abasokolayo.

Ukwahlukana

Abafundi kufuneka bakhuthazwe ukuba bavakalise izimvo zabo malunga noko kwenza umntu abe liqhawe. Bakhumbuze ukuba bakhululekile ukuvakalisa izimvo zabo.

Izixhobo

INcwadi yoMfundi; iipeni/iipensile; incwadi yomsebenzi.

Ukuba ixesha liyavuma cela abafundi benze uluhlu lwabantu abacinga ukuba ngamaqhawe.

Umsebenzi wesi-8 (iNcwadi yoMfundi iphepha lesi-28)



Sebenza wedwa

Isikhokelo somsebenzi

Abafundi kufuneka bajonge imifanekiso baze bagqibezele isivakalisi ngasinye ngendlela abanokuba ngamaqhawe ngayo kwimeko nganye.

Iimpendulo Ezicetyiswayo

Iimpendulo ziza kwahluka. Iimpendulo ezinokubakho: Ndinokuba liqhawe ngokufaka inkunkuma emgqomeni. Ndinokuba liqhawe ngokutyhala umntu okwisitulo esinamavili. Ndinokuba liqhawe ngokunceda umntu awele indlela.

Uqukaniso nokwahlukana

Uqukaniso

Abanye abafundi basenokukufumanisa kunzima ukubhala isivakalisi bebodwa. Yiba nomonde kwaye uncedise abafundi abasokolayo.

Ukwahlukana

Abafundi kufuneka bakhuthazwe ukuba bavakalise iimvakalelo zabo kwizivakalisi zabo.

Izixhobo

INcwadi yoMfundi; iipeni/iipensile; incwadi yomsebenzi.

Ukuba ixesha liyavuma, sebenzisa iYouTube ukuze ufumane iividiyo ezibonisa iimpawu ezahlukahlukeneyo zeqhawe.



- **Iqhawe**
– umntu
owenza okanye othetha izinto ezinceda abanye abantu

Umsebenzi wesi-9 (iNcwadi yoMfundi iphepha lesi-30)



Zisebenzele ngokwakho

Isikhokelo somsebenzi

Abafundi kufanele benze oku kulandelayo.

1. Zoba umfanekiso wesiqu sakho neqhawe lakho.
2. Gqibezela izivakalisi neqhawe labo.
Iqhawe lam ngu _____.
Bangeliqhawe lam ngoba _____.
3. Yenza imaski yakho yeqhawe.

Imiyalelo:

1. Zoba imilo yemaski kwikhadibhodi.
2. Sika imaski kwikhadibhodi.
3. Cela utitshala wakho akuncede wenze imingxuma emincinane kwicala ngalinye lemaski.
4. Faka i-elastic okanye umtya kumngxuma ngamnye kwaye ubophe iqhina.
5. Sebenzisa umbala ukuhombisa imaski yakho.

Iimpendulo Ezicetyiswayo

1. Abafundi kufuneka bazobe umfanekiso wabo kunye neqhawe labo.
2. Iimpendulo ziza kwahluka.
3. Abafundi kufuneka benze imaski ebebeya kuyinxiba ukuba bebengamaqhawe, ukuze abantu bazi ukuba ngabo.

Sebenzisa irubriki engezantsi ukuvavanya imizobo yabafundi kunye nemaski.

Uqukaniso nokwahlukana

Uqukaniso

Abanye abafundi basenokukhetha ukusebenzisa isikere xa besenza imizobo yabo kunye nemaski. Abanye abafundi bangasokola ukusebenzisa izikere ngendlela echanekileyo. Ncedisa abafundi abasokolayo.

Ukwahlukana

Khumbula ukuba imizobo kunye neemaski zomfundi ziya kwahluka. Khuthaza abafundi ukuba babe nobuchule bokujila.

Izixhobo

iNcwadi yoMfundi; ikhadibhodi elula; ipensile; iikhrayoni; iipeni ezinemibala; isikere; ielastikhi.

Irubrikhi yokuhlola umsebenzi: Hlola ngokungacwangciswanga mfundi ngamye osebenza yedwa

| Umzamo ombi | Umzamo othile | Umzamo obalaseleyo |
|---|--|---|
| Abafundi khang bathathe inxaxheba, bagqibezele imizobo okanye iimaski zabo. | Abafundi bagqibezele imizobo yabo kunye neemaski kodwa abazange bakwenze oko ngokwanelisayo. | Abafundi bagqibezele imizobo yabo neemaski zabo baza bathatha inxaxheba ngokwanelisayo. |

Makhe sijonge

INcwadi yoMfundi iphepha lesi-31

1. Iimpendulo ziza kwahluka. Iimpendulo ezinokubakho: ubudala obufanayo, ubude obufanayo, bahlala kwindawo enye.
2. Iimpendulo ziza kwahluka. Iimpendulo ezinokubakho: abantu abaneemvelaphi ezahlukeneyo, abade okanye abafutshane.
3. Iimpendulo ziza kwahluka. Iimpendulo ezinokubakho: ukuba nobubele, intlonipho kunye nokunceda.
4. Iimpendulo ziza kwahluka. Iimpendulo ezinokubakho: ukuba nesibindi, ububele, intlonipho kunye nokunceda.

Imisebenzi eyongezelelweyo kunye neengoma

1. Ukufunda ngokukhhubazeka

- a. Yila uluhlu lweendlela zokukhhubazeka. Umzekelo, ukuba yimfama, ukuba sisithulu, idyslexia, iautism, njl.njl.

Nceda abafundi babize igama ngalinye ngokuchanekileyo. Cela abafundi ukuba benze uphando ngesibini kuzo kwaye banike ingxelo eklasini ngoko bakufumanisileyo. Abafundi banokunika iingcebiso ngoko kunokwenziwa ukunceda abantu abakhubazekileyo.

- b. Yenza ipowusta ngeendlela zokukhhubazeka

Thetha neklasi ngendlela ukukhhubazeka okunokubuchaphazela ngayo ubomi babantu. Umzekelo, umntu osisithulu kusenokufuneka asebenzise intetho yezandla xa ethetha nabantu. Besebenza ngamaqela abafundi abathathu okanye abane kufuneka benze ipowusta ebonisa indlela ukukhhubazeka okunokubuchaphazela ngayo ubomi babantu bemihla ngemihla. Banokubeka iipowusta zabo esikolweni ukunceda ukwazisa.

2. Ukuphosa nokubamba

Ngamaqela amane, abafundi baphosa iingxowa zeembotyi emoyeni baze bazibambe. Emva koko baphoselana ngeengxowa zeembotyi. Qala ngokwenza umthambo wokuzolula ukuze uzifudumeze. Iphephandaba elisongiweyo linokusetyenziswa endaweni yeengxowa zeembotyi.

3. Sebenzisa isingqisho somzimba uze ucule

Jikeleza eklasini, umfundi ngamnye umele akhwaze igama lakhe. Yenza isingqisho somzimba ngelixa abafundi bebetha emathangeni abo. Kumjikelo wokuqala hamba kancinci emva koko wandise isantya ukuze ukubetha kwakhe isingqisho.

Ukuqeqesha Umzimba




Ukuphosa nokubamba

Qala ngokwenza umthambo wokuzolula ukuze uzifudumeze. Ngamaqela amane, abafundi baphosa iingxowa zeembotyi emoyeni baze bazibambe. Emva koko baphoselana ngeengxowa zeembotyi. Iphephandaba elisongiweyo linokusetyenziswa endaweni yeengxowa zeembotyi.

Iphepha lomsebenzi Woku-1 Fakela iimilo

| | |
|---------------|--------|
| Igama nefani: | |
| Ibanga: | Umhla: |

Gqibezela ibhokisi nganye ngomfanekiso okanye amagama.



Iphepha lokusebenza lesi-2 Ndiliqhawe

| | |
|---------------|--------|
| Igama nefani: | |
| Ibanga: | Umhla: |

Namhlanje ndingaliqhawe.

Ndingenzela omnye umntu into ekhethekileyo.

Emva koko ndingabhala ngalo kwaye ndizobe umfanekiso.

Namhlanje ndi _____

_____.

Isihloko sesi-4 Ukuhlala usempilweni

| Ummandla wokufunda | Ukuba sempilweni |
|--|--|
| Ixesha lokufundisa | Iiyure ezili-12 <ul style="list-style-type: none"> • Ulwazi oluSisiseko nokuziPhatha neNtlalo – iiyure ezi-4 • EzobuGcisa iiyure ezi-4 • EzemiThambo- iiyure ezi-4 |
| Izixhobo ezicetyiswayo | INcwadi yoMfundi; ibhotile yeplastiki yamanzi okanye yesiselo esibandayo; iindidi ezimbini ezahlukileyo zesanti (Isanti egudileyo kunye nerhabaxa); amatye amancinci; amatye amakhulu; iwuli yomqhaphu; isikere; amanzi amdaka; ikhadibhodi emhlophe/ iphepha; iipeyinti/iikhoki/ipensile zekhrayoni; iglu; iglitha; iipompom; iribhoni; izitikha; iDBE WB iiphepha 42-57. |
| Iziphumo zokufunda | Ekupheleni kwesi sihloko abafundi kufuneka bakwazi: <ul style="list-style-type: none"> • Ukuqonda ukubaluleka kokuhlala usempilweni • Ukuqonda ukubaluleka ukutya okunempilo • Cacisa ukubaluleka kokukhusela ukutya esikutyayo • Cacisa ingozi yokutshaya, yokusela utywala kunye nokuthatha iziyobisi ezingekho semthethweni • Yazi indlela yokwenza isihluzi samanzi • Ukuqonda ukubaluleka kweminyhadala yezenkolo nezinye iintsuku ezikhethekileyo • Yazi indlela yokwenza iQanda lePasika elihonjisiweyo. |
| Izakhono | <ul style="list-style-type: none"> • Ukutolika • Thelekisa • Ukuhlelwa • Ukulinganisa • Uvavanyo |
| Ulwazi | <ul style="list-style-type: none"> • Ukubaluleka kokukhusela ukutya esikutyayo • Yintoni enobungozi emzimbeni wethu? • Imikhwa elungileyo yobomi |
| Ixabiso | <ul style="list-style-type: none"> • Intlonipho |
| Uluvo | Uphando kunye nonxibelelwano |
| Ulwazi olusisiseko | Abafundi kufanele bakuqonde ukubaluleka kokuphila ubomi obusempilweni, baphephe ukutya izinto ezingenampilo, iingozi zokusela utywala, ukutshaya kunye nokusebenzisa iziyobisi ezingekho semthethweni nokuba iminyhadala yezenkolo mayihlonitshwe. |
| Imibuzo esebenzisa ukucinga ngengqiqo | Kutheni ukuphila ubomi obusempilweni kubalulekile? Ngaba kufanele nditye ntoni ukuze ndibesempilweni? Ngaba yintoni ekufanele ndingayenzi ukuze ndiphile ubomi obusempilweni? Ngaba iminyhadala yezenkolo ibalulekile? |
| Ukuhlanganisa | IsiXhosa: Ukuthetha nokubhala Imathematika nekhawuding: ukuhlela |

| | |
|----------------------------|---|
| Indlela yokufundisa | Ingxoxo, ukubonisa, umyalelo, ukubuza imibuzo, ukuhlola okungekho sesikweni. |
| Ukuhlola | Sebenzisa uqwalaselo ukuhlola umfundi ngamnye ngexesha lokwenziwa kwemisebenzi. Ukuhlola kufuneka kungabikho sesikweni kwaye kuqhubeka. |
| Irubriki | Jonga iirubriki ngezantsi kwemisebenzi ethile. Alukho uvavanyo olusesikweni lweBanga lesi-2. |

Masiqale

Cacisela abafundi ukuba baza kufunda ngokubaluleka kokuphila ubomi ubusempilweni. Baza kufunda ngeenzuzo zokutya ukutya okunempilo, babenemikhwa esempilweni kunye neengozi zokutshaya, zokusela utywala kunye nokuthatha iziyobisi ezingekho semthethweni.

1. Yeyiphi imifanekiso ebonisa abantu abatya ngokusempilweni? Umfanekiso wokuqala/umfanekiso 1.
2. Chaza okunye kokutya okusempilweni okusemfanekisweni. Amaqanda, ithowusti, izitya zemuesli, iziqhamo kunye neeglasi zobisi.
3. Kokuphi ukutya okutyayo ekhaya? Iimpindulo ziza kwahluka.
4. Kutheni kubalulekile ukutya ukutya okusempilweni? Impindulo ecetyiswayo: ukugcina imizimba yethu ikhuselekile kwizigulo kunye nokukhula nophuhliso.



Igama elitsha

- **Amalungu**
– inxalenye yesilwanyana okanye isityalo esenza umsebenzi okhethekileyo

Umsebenzi woku-1 (iNcwadi yoMfundi iphepha lesi-35)



Sebenza wedwa

Isikhokelo somsebenzi

1. Abafundi kufuneka bafunde uluhlu lokukhangela.
2. Abafundi kufuneka babhale imikhwa esempilweni kwiincwadi zabo.

Iimpendulo Ezicetyiswayo

- Thetha ngeemvakalelo zakho.
- Hlamba umzimba wakho, izandla neenyawo.
- Lala ngokwaneleyo.
- Itya ukutya okusempilweni.
- Yenza imithambo ethile.

Sebenzisa irubriki ukuhlaza iimpendulo zabafundi.

Uqukaniso nokwahlukana

Uqukaniso

Hamba hamba kwigumbi lokufunda uqinisekise ukuba bonke abafundi bathatha inxaxheba kumsebenzi. Sebenzisa lo msebenzi ukutyetha ngezinto ezingeyonyani kwaye utsho ukuba amakhwenkwe nawo ayakwazi ukuvakalelwa, hayi amantobazana kuphela.

Qinisekise ukuba bonke abafundi bayabandakanyeka kulo msebenzi. Abanye abafundi basenokungaqiniseki ngoluhlu lokukhangela. Ncedisa nabaphi na abafundi abasokolayo. Ungabancoma abafundi kwaye ubancedise ukuze ubanike ukuzithemba ngakumbi.

Ukwahlukana

Khumbula ukuba abafundi bavela kwiindawo ngeendawo kwaye banganemikhwa eyahlukeneyo ngokuhlala usempilweni ekhaya.

Ukuba ixesha liyavuma, lo msebenzi unokwandiswa kubafundi abafuna ixesha elongezelelweyo. Abafundi abakhawulezayo abawugqiba ngokukhawuleza umsebenzi banokucelwa ukuba bongeze eminye imikhwa esempilweni kuluhlu.


Izixhobo

iNcwadi yoMfundi; iipeni/iipensile; incwadi yomsebenzi.

Irubriki yokuhlola umsebenzi: Hlola ngokungacwangciswanga mfundi ngamye osebenza yedwa

| Umzamo ombi | Umzamo othile | Umzamo obalaseleyo |
|---|--|--|
| Umsebenzi wenziwe kakubi kwaye awugqitywanga. | Umsebenzi ugqityiwe kodwa akukho nzame ingako yenziweyo. | Umsebenzi ugqitywe ngononophelo kwaye unengqalelo kwiinkcukacha. |

Umsebenzi wesi-2 (iNcwadi yoMfundi iphepha lesi-36)



Sebenzani ngamaqela

Isikhokelo somsebenzi

1. Abafundi mabafumane amagama okutya okungekho sempilweni kwiwordsearch.
2. Abafundi mabenze isivakalisi ngamagama amabini.

Ukusombulula ipuzzle nokukhangela amagama kufana ngeendlela ezininzi zokufunda iirobhothi kunye nekhawuding. Kuphucula izakhono zokusombulula ingxaki, kwakha isigama nokuphuhlisa ipateni yezakhono zokuqonda.

Iimpendulo Ezicetyiswayo

1. Iilekese, ikeyiki, itshipsi, ipizza, iswekile.
2. Iimpendulo zabafundi zingohluka ngokuxhomekeke kukutya abakhetha ukubhala isivakalisi ngaso. Kufanele kuqukwe elinye lala magama kwisivakalisi ngasinye:
 - Ikeyiki
 - Iilekese
 - Iitshipsi
 - Ipizza
 - Iswekile.

Sebenzisa irubriki ukuhlaza iimpendulo zabafundi.

Uqukaniso nokwahlukana

Uqukaniso

Jikeleza eklasini ukuze uqinisekise ukuba bonke abafundi bathatha inxaxheba kwaye bayayiphendula imibuzo.

Ukwahlukana

Khumbuzisa abafundi ukuba sisuka kwiindawo ngeendawo kwaye sitya iintlobo ngeentlobo zokutya. Kufuneka sifunde ukuba hlonipha abantu abohlukileyo.

Ukuba ixesha liyavuma cela abafundi bazame ukuyila uluhlu oludana lokutya okungesompilweni ukuba sikutye. Iividiyo zikaYouTube, iimagazini, i-intanethi nethala leencwadi ziindawo ezibalulekileyo kubo zokukhangela ulwazi. Khumbula ukuba abafundi kufuneka basebenzise i-intanethi ngenkathalo kwaye bajongwe xa besenza njalo.

Izixhobo

I-Ncwadi yoMfundi; iipeni/iipensile; incwadi yomsebenzi.

Irubrikhi yokuhlola umsebenzi: Hlola ngokungacwangciswanga abasebenza bengamaqela

| Umzamo ombi | Umzamo othile | Umzamo obalaseleyo |
|---|--|--|
| Umsebenzi wenziwe kakubi kwaye awugqitywanga. | Umsebenzi ugqityiwe kodwa akukho nzame ingako yenziweyo. | Umsebenzi ugqitywe ngononophelo kwaye unengqalelo kwiinkcukacha. |

Umsebenzi wesi-3 (iNcwadi yoMfundi iphepha lesi-37)



Zisebenzele ngokwakho

Amagama amatsha

- **Iisigarethi** – ityhubhu encinane yephepha ezaliswe licuba elinokulayitwa
- **Akukho mthethweni** – into ephikisana nomthetho okanye eyaphula imithetho

Isikhokelo somsebenzi

1. Abafundi bajonga imifanekiso.
2. Abafundi bafunda imixholo.
3. Abafundi bakhetha igama kwibhokisi ukugqibezela isivakalisi ngasinye.

Akukhe kube kwangethuba kakhulu ukuqala ukufundisa abafundi ngeengozi zokuthatha iziyobisi nokutshaya. Abanye abafundi bangabe bakhula kwindawo apho ezi zinto ziqhelekileyo khona.

Iimpendulo Ezicetyiswayo

Ukugcina imiphunga yethu isempilweni, kufuneka singatshayi iisigarethi.

Ukuze sigcine isibindi sethu sisempilweni, kufuneka singabuseli utywala.

Ukugcina iintliziyo neengqondo zethu zisempilweni, akufuneki sithabathe iziyobisi ezingekho semthethweni.

Uqukaniso nokwahlukana

Uqukaniso

Abafundi banganeempendulo ezahlukileyo kwaye bangenza iimpazamo. Khuthaza abafundi ukuba babelane ngeempendulo zabo kwaye bachaze ukuba bafikelele njani kwizigqibo zabo.

Ukwahlukana

Khuthaza abafundi ukuba babelane ngezimvo zabo nangamava abo ngokhetho lokuphila olungenampilo.

Fumana ividiyo kuYouTube ecacisa ukubaluleka kokuphila ubomi obunempilo kwaye hayi ukutshaya, ukusela utywala okanye ukuthatha iziyobisi ezingekho semthethweni.

Izixhobo

INcwadi yoMfundi, iipeni/ iipensile.

Umsebenzi wesi-4 (iNcwadi yoMfundi iphepha lesi-38)



Sebenzani ngezibini

Isikhokelo somsebenzi

Abafundi kufuneka baphendule le mibuzo ilandelayo.

1. Kwenzeke ntoni kwisiriyali?
2. Kufuneka alugcine phi ubisi umama kaNina?
3. Kwakutheni ubisi ze lunuke kakubi?
4. Kutheni okunye ukutya kufuneka kugciwe efrijini?
5. Hlela ezi zidlo zilandelayo zibe koko kufuneka zigcinwe efrijini kunye nezo zinokugcinwa ekhabhathini.
 - iintwana zenkukhu ekrwada
 - umbeko wesityu
 - ibegi yeflawwa evuliweyo
 - ibhegi yerayisi evuliweyo.

Iimpendulo Ezicetyiswayo

1. Ibigcwele iimbovane.
2. Efrijini.
3. Iphelelwe.
4. Kufuneka igcinwe endaweni epholileyo ukuze ingamoshakali.
5. Ifriji: amalungu enkuku akrwada, isityu esingumbeko. Ikhlabhathi: vula ingxowa yomgubo, ibhegi yerayisi evuliweyo.

Isikhokelo semathematika: ukuhlela

1. Khuthaza intsebenziswano nokusebenzisana phakathi kwabafundi.
2. Abafundi abakhawulezayo banganikwa izinto ezikukutya bazihlele.

Uqukaniso nokwahlukana

Uqukaniso

Abafundi baya kuba neempendulo ezahlukeneyo. Khuthaza abafundi ukuba babelane ngeempendulo zabo kwaye bachaze ukuba bafikelele njani kwizigqibo zabo.

Ukwahlukana

Khumbula ukuba zonke iimpendulo zabafundi ziza kwahluka. Khuthaza abafundi ukuba babelane ngezimvo nangamava abo.

Abafundi banokuba nesimo sengqondo esahlukileyo kwinyama eluhlaza kuxhomekeke kwinkolo yabo yasekhaya nakwindlela yokuphila. Kulumkele ukuthetha izinto ezinokukhubekisa abanye.

Ukuba ixesha liyavuma, yiba nengxubusho eklasini ngeengozi zokuvumela ukutya konakale. Abafundi banocelwa ukuba benze uluhlu olude lokutya okwahlukeneyo ekufuneka kugcinwe efrijini.

Izixhobo

INcwadi yoMfundi.

Umsebenzi wesi-5 (iNcwadi yoMfundi iphepha lesi-39)



Sebenzani ngamaqela

Isikhokelo somsebenzi

Abafundi kufuneka balandele imiyalelo.

1. Abafundi kufuneka bafunde ibali.
2. Abafundi balandela imiyalelo kaOupa Harold yokwenza isihluzi esincinane sesanti sokucoca amanzi.

Iimpendulo Ezicetyiswayo

Abafundi mabenze oku kulandelayo:

1. Susa isiciko sebhottle.
2. Sika ibhottle yamanzi phakathi.
3. Beka isiqingatha esiphezulu sebhottle kwisiqingatha esisezantsi, kunye nokuvuleka ngezantsi.
4. Beka umaleko woboya bekotoni emazantsi ebhottle.
5. Ngoku yongeza isanti ecolekileyo, emva koko intlabathi erhabaxa. Phezu kwentlabathi erhabaxa yongeza amatye amancinci, uze emva koko wongeze amatye amakhulu.
6. Galela amanzi amdaka kancinane kwisihluzi sakho sesanti encinci.
7. Jonga amanzi aqokelelene ezantsi kwebhottle.

Amanzi akho akhangeleka njani emva kokudlula kwisihluzi? Impendulo: Abafundi kufuneka bavume ukuba ibonakala icacile.

Sebenzisa irubriki ukuhlaza iimpendulo zabafundi.

Uqukaniso nokwahlukana

Uqukaniso

Abanye abafundi bangasokola ukusebenzisa izikere ngendlela echanekileyo. Beka abafundi ngezibini ukuze abo banolawulo olululo ngakumbi bancede abafundi abafuna ukuziqhelanisa ngakumbi.

Ukwahlukana

Khumbula ukuba zonke izihluzi zamanzi zabafundi ziza kwahluka. Khuthaza abafundi ukuba babe nobuchule bokujila.

Lo msebenzi unokwandiswa kubafundi abafuna ixesha elongezelelweyo.

Izixhobo

INcwadi yoMfundi; ibhottle yeplastiki yamanzi okanye yesiselo esibandayo; iintlobo ezimbini ezahlukeneyo zentlabathi (intlabathi entle nentlabathi engqindilili); amatye amancinci; amatye amakhulu; uboya bomqhaphu; isikere; amanzi amdaka.

Irubrikhi yokuhlola umsebenzi: Hlola abafundi ngokungacwangciswanga abasebenza bengamaqela

| Umzamo ombi | Umzamo othile | Umzamo obalaseleyo |
|---|--|---|
| Umsebenzi wenziwe kakubi kwaye nesihluzi samanzi asigqitywanga. | Isihluzi samanzi sigqityiwe kodwa akukho nzame ingako yenziweyo. | Isihluzi samanzi sigqityiwe ngononophelo kwaye kunikwe ingqalelo kwiinkcukacha kwaye amanzi acacile emva kokuba ehluziwe. |

Igama elitsha

- **Ukuhluzisa** – ukucoca

Umsebenzi wesi-6 (iNcwadi yoMfundi iphepha lesi-41)



Sebenza wedwa

Isikhokelo somsebenzi

Abafundi baya kwenza iqanda labo lePasika elinemibalabala. Kufuneka balandele amanyathelo abonelelweyo.

Iimpendulo Ezicetyiswayo

Abafundi mabenze oku kulandelayo:

1. Zoba imilo yeqanda kwikhadibhodi eyi-A4.
2. Sika imilo yeqanda kwikhadibhodi.
3. Mabasebenzisa umbala ukongeza iipateni zabo kwiqanda.
4. Sebenzisa iglu ukuze ufake izinto zokuhombisa kwiqanda (iiglitter, iipompom, iiribhoni, izincamathelisi, njl.njl.).

Sebenzisa irubrikhi ukuhluzisa iimpendulo zabafundi.

Uqukaniso nokwahlukana

Uqukaniso

Abanye abafundi bangakhetha ukusebenzisa izikere ukwenza amaQanda abo ePasika. Abanye abafundi bangasokola ukusebenzisa izikere ngendlela echanekileyo. Ncedisa nabaphi na abafundi abanobunzima kwaye ubancede baphuhlise ezi zakhono zokulawula intshukumo ezintle.

Ikota 1

Ukufana

Xa ufundisa ngenkolo nenkcubeko kwizikolo zaseMzantsi Afrika, kubalulekile ukwazisa ingqikelelo yomanyano lwentlalo. Uluntu lwethu olwahlukeneyo lutyebile ngamasiko, iinkolelo nezenzo ezahlukeneyo. Imfundo inokudlala indima ebalulekileyo ekukhuliseni ukuqonda nentlonelo phakathi kwabafundi. Ngokugxininisa ubumbano loluntu, sinokunceda abafundi baqonde ukubaluleka kokuhlalisana ngoxolo, nangona singaboni ngasonye. Ikhuthaza ukuba novelwano, ukungabi namkhethe, nokwamkela iinkolelo zabanye, zinto ezo eziyimilinganiselo esisiseko. Masijolise ekudaleni igumbi lokufundela elibandakanyayo apho abafundi baziva behlonitshwa kwaye bexabisekile, kungakhathaliseki imvelaphi yabo yenkcubeko okanye yenkolo.

Ukwahlukana

Khumbula ukuba onke amaQanda ePasika abafundi aza kwahluka. Khuthaza abafundi ukuba babe nobuchule bokuyila baze bonwabe xa besenza lo msebenzi. Khuthaza abafundi ukuba bahloniphe iimpawu zenkolo nemibhiyozo yezinye iinkolo. Ukuba ixesha liyavuma thetha nabafundi ngeempawu zezinye iinkolo. Ngaba banokucinga ngezinye iimpawu ezibalulekileyo kwezinye iinkonzo ezinjengobuYuda, ubuSilamsi nonqulo lwesithethe lwaseAfrika?

Izixhobo

INcwadi yoMfundi; ikhadibhodi emhlophe/iphepha; iipeyinti/iikhoki/iikhrayoni zepensile; isikere, iglu, iglitter, iipompom, iiribhoni, izitikha njl.njl.

Irubriki yokuhlola umsebenzi: **Hlola abafundi ngokungacwangciswanga abasebenza bengamaqela**

| Umzamo ombi | Umzamo othile | Umzamo obalaseleyo |
|--|--|--|
| Umsebenzi wenziwe kakubi kwaye iQanda lePasika aligqitywanga. Alukho ulawulo lwesikere | IQanda lePasika ligqityiwe kodwa akukho nzame ingako yenziweyo. Ukwazi okuthile ukusebenzisa isikere ngokuchanekileyo. | IQanda lePasika ligqityiwe ngononophelo kwaye kwani kwa ingqalelo kwiinkcukacha ze lahonjiswa kakuhle. Imibala isetyenziswe kakuhle. |

Makhe sijonge

INcwadi yoMfundi iphepha lwama-43

1. Ziza kwahluka iimpendulo zabafundi.
2. Ukutshaya, ukusela utywala, ukuthatha iziyobisi ezingekho semthethweni/ukutya ukutya okungekho sempilweni.
3. Ukubukela umabonakude (TV) ixesha elininzi emva kwemini, ukungatyi ngokwaneleyo, ukusela ikomityi enye yamanzi ngosuku.
4. Abafundi bazoba umfanekiso obonisa ukuba ungakukhusela njani ukutya kwakho kwiimpukane.
5. Iimpendulo ezinokubakho: isihluzi samanzi, ilaphu, iklorini.